



URhulumente  
weNtshona Koloni  
Imicimbi yeNkubeko  
nezemiDlalo



**Ingxelo yoNyaka 2012/2013**  
Imicimbi yeNkubeko neMidlalo

# **ISebe lemiCimbi yeNkcubeko neMidlalo**

---

Iphondo Lentshona Koloni

IVoti ye-13

INgxelo yoNyaka  
2012/2013



## OKUQULATHIWEYO

ICANDELO A: INGCACISO NGOKUBANZI .....	i
1 linkcukacha zeSebe ngokubanzi .....	i
2 Uluhlu lwezifinyezo .....	i
3 Amagqabantshintshi ngemisebebzi yesebe .....	4
3.1 UMBono .....	4
3.2 UMnqophiso .....	4
3.3 Inqobo ezisesikweni.....	4
3.4 linjongo zeqhinga eziJolise kumphumela.....	4
4 Izigunyaziso eziSemthethweni nezizezinye .....	4
5 Ubume besebe.....	12
6 Amaqumrhu anika ingxelo kwiMEC.....	13
7 Intshayebole ye MEC.....	14
8 Uvavanyo ngokubanzi lweGosa elinika ingxelo.....	15
ICANDELO B: INGCACISO YENDLELA YOKUSEBENZA .....	17
1 Ingxelo yoxanduva yengcaciso yendlela yokusebenza .....	17
2 INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo ezimiselweyo .....	18
3 Amagqabantshintshi ngendlela yokusebenza yeSebe .....	18
3.1 Ubume bokunikezelwa kwenkonzo.....	18
3.2 IsiCwangciso sokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2013.....	19
3.3 Isimo sebe .....	22
3.4 Uphuhliso olungundoqo lomgaqo-nkqubo neenguqu zomthetho .....	23
4 linjongo zeqhinga lokusebenza elijolise kumphumela.....	23
5 Ingcaciso yokwenziwa komsebenzi ngokwenkubo .....	24
5.1 INkqubo 1: ULawulo.....	24
5.2 INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko.....	27
5.3 INkqubo 3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo.....	40
5.4 INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo.....	46
6 Isishwankathelo sengcaciso yemali.....	55
6.1 Okwamkelweyo kweSebe.....	55
6.2 INkcitho yenqubo .....	56
6.3 Uweliselo-mali, kungabandakanya amaqumrhu karhulumente .....	56
6.4 Amaqumrhu karhulumente.....	77
6.5 Izibonelelo-mali ezinemiqathango nengxowa-mali ezichongiwego ezihlawuliwego.....	78
6.6 Izibonelelo-mali neengxowa-mali ezamkelweyo .....	79
6.7 lingxowa-mali zeminikelo.....	83
6.8 Ulsicwangciso sotyalo-mali, ulondolozo nolawulo lwempahla yexabiso .....	83

ICANDELO C: ULAWULO .....	84
1 Intshayelelo .....	84
2 Ulawulo lomngcipheko.....	84
3 Urhwaphilizo nobuqhetseba.....	84
4 Ucutho lochaphazeleko.....	85
5 Umgaqo wokuziphatha.....	85
6 Impilo, ukhuselo nemiba yendalo nokuyingqongileyo.....	85
7 Icandelo lolawulo Iwangaphakathi.....	85
8 Ingxelo yekomiti yophicotho-zincwadi.....	85
 ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI .....	88
1 Umthetho olawula ezolawulo Iwabasebenzi.....	88
2 Intshayelelo .....	89
3 linkcukacha-manani zobeko-liso kwezabasebenzi .....	91
3.1 Inkcitho kwezabasebenzi .....	91
3.2 Ingqesho nezithuba ezingenabantu.....	93
3.3 Uvavanyo Iwemisebenzi .....	94
3.4 linguqu kwinqqesho .....	96
3.5 Ubulungisa engaqeshweni .....	99
3.6 Utyikityo IweziVumelwano zokuSebenza ngamalungu eSMS .....	105
3.7 Ukuvalwa kwezithuba zeSMS .....	106
3.8 Ukusebenza kwabasebenzi.....	107
3.9 Abasebenzi bamazwe angaphandle .....	110
3.10 Ukusetyenziswa kwekhefu ukususela ngomhla woku-1 kweyoMqungu 2012 ukuya kumhla wama-31 kweyoMnga 2012.....	111
3.11 linkqubo zempilo nokwazisa ngeHIV noGawulayo.....	113
3.12 Ubudlelane babasebenzi.....	117
3.13 Uphuhliso Iwezakhono .....	119
3.14 Ukwenzakala emsebenzini .....	121
3.15 Ukusetyenziswa kwabacebisi.....	121
 ICANDELO E: INKCAZO-MALI .....	123

## ISAHLULO A: INGCACISO NGOKUBANZI

### 1 IINKCUKACHA ZESEBE NGOKUBANZI

IDILESI	ISakhiwo iProtea Assurance Greenmarket Square eKapa 8001
IDILESI YEPOSI	Private Bag X9067 Cape Town 8000
INOMBOLO YEMFONOMFONO	0860 142 142
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9504
IDILESI YE IMEYILE	dcas.com@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITI	www.westerncape.gov.za/dcas

### 2 ULUHLU LWEZIFINYEZO

Absa KKNK	Absa Klein Karoo NasionaleKustefees
AFS	lNgxelo zeMali zoNyaka
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
ATCHA	Ilungelo lokungena kwiwebhusayiti yooVimba beLifa leMveli leNkcubeko (OoVimba baseNetherlands)
BAS	INkqubo yeSiseko yokuNikwa kweNgxelo
CARA	Conservation of Agriculture Resources Act, 1983
CDP	INkqubo yoPhuhliso lweeKlabhu
CFO	IGosa leMali eliyiNtloko
CPD	Corporation for Public Deposits
CSC	IZiko leeNkonzo eziManyeneyo, iSebe leNkulumbuso
DAC	ISebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D: ERM	ICandelo loLawulo lweNgozi yoRhwebo, iSebe leNkulumbuso
DISWEC	IMidlalo yabaBandezeleke ngokwaMalungu oMzimba eNtshona Koloni
DORA	UMthetho weCandelo loLawulo-mali, wama-2012
DPSA	ISebe leNkonzo yaBasebenzi noLawulo
EAP	INkqubo yoNcedo loMqeshwa
EE	Ubulungisa eNgqeshweni
EHWP	INkqubo yeMpilo yoMqeshwa
EPWP	INkqubo eyandisiwyo yeMisebenzi kaRhulumente
ERM	ULawulo lwezomngcipheko
ERMCOM	IKomiti yoLawulo lweNgozi yeShishini
FEDANSA	IMbumba yoMdlalo wokuDanisa yoMzantsi Afrika
FIFO	Ongene kuqala, uphuma kuqala
FMIP	INkqubo yokuPhucula uLawulo lweMali
GG	IGaraji kaRhulumente
GMT	INqwelo-mafutha zikaRhulumente
GPSSBC	IBhunga loThethwano leCandelo laBasebenzi bakaRhulumente ngokuBanzi
GRAP	INdlela yokunikwa kwengxelo eyamkelwego ngokubanzi

GWM&E System	INkqubo yokubekwa kweliso noVavanyo ngokuBanzi kaRhulumente
HCT	Ingcebiso ngeHIV novavanyo
HDI	Abantu ababehlelelekile ngaphambili
HOD	INTloko yeSebe
HR	Izibonelelo zabasebenzi
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICAS	INgcebiso ezimeleyo neeNkonzo zeNgcebiso
ICESSD	IZiko leMicimbi eyahlukeneyo elilungiselelwazi iNzululwazi yezeMidlalo noPhuhliso, UWC
ICT	Itheknoloji yengcaciso nonxibelewano
IRT	ITumente yeziThili [iBaseball]
IT	EzoBuxhakaxhaka beTeknoloji
JPTT	IQela loMsebenzi elihlangeneyo lePhondo leMidlalo yeZikolo
King III	INgxelo kaKing ngoLawulo oluManyeneyo, 2009
KKNK (Absa KKNK)	Absa Klein Karoo Nasionale Kunstfees
KZN	KwaZulu-Natal
LOGIS	INkqubo yeNgcaciso yeNkxaso
M&E	Ukubekwa kweliso noVavanyo
MEC	ILungu lePalamente leBhunga loLawulo [uMphathiswa wePhondo]
MIG	UMnikelo weZibonelelo zikaMasipala
MOD	Ukuthayathwsa kwenxaxheba nguwonke wonke; iThuba nelunghelo; INkqubo yeZiko loPhuhliso nokukhula
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi
NAAIRS	INkqubo yeSizwe ezenzekelayo yokuKhutshwa kweNgcaciso yoVimba
NAC	IBhunga leSizwe lezoBugcisa
NDP	IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso
NGO	Iziko elingekho ngaphantsi kolawulo lukarhulumente
NHC	IBhunga leSizwe leLifa leMveli
NPL	UMbutho weBhola yoMnyazi ophezulu
NRF	INgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe
NSRP	IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo
OSD	ULwabiwo lolwazelelelo oluthe ngqo nomsebenzi
PanSALB	IBhodi yoLwimi ezhlangeneyo zoMzantsi Afrika
PDO	INjongo eqqitywe ngaphambili
PERSAL	INkqubo yeMivuzo yaBasebenzi
PFMA	UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, we-1999
PI	Umqondiso wendlela yokusebenza
PILIR	UMgaqo-nkqubo ngekhefu lokusilela ukwenza umsebenzi noMhlala-phantsi wokugula
PLF	UMbutho woLwimi wePhondo
PLC	Ikomiti yoLwimi yePhondo
PN	ISaziso sePhondo
PPI	Umqondiso wenkqubo yokwenziwa komsebenzi
PPP	AbuDlelane beNtsebenziswano
PRAESA	IProjekti elungiselelwazi iMfundu eyenye eMzantsi Afrika, iYunivesiti yaseKapa
PSCBC	IBhunga loThethwano eliLungiselelanisiweyo leNkonzo yaBasebenzi bakaRhulumente

PSO	INjongo yeQhinga yePhondo
PSR	IMithetho yeNkonzo kaRhulumente
PWMES	INkqubo yokubekwa kweliso noVavanyo ngokubanzi yePhondo
RWOPS	UMsebenzi onoMvuzo ngaPhandle koMsebenzi kaRhulumente
SA	UMzantsi Afrika
SABC	UKopolotyeni wezoSasazo woMzantsi Afrika
SAHRA	IArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SANDF	UMButho weSizwe weZokhuseleko woMzantsi Afrika
SARS	INkonzo yezeNgeniso yoMzantsi Afrika
SASCOC	UMButho oManyeneyo weMidlalo woMzantsi Afrika neKomiti yeOlimpiki
SASL	ULwimi oluthethwa ngezandla loMzantsi Afrika
SATI	UMButho waBaguquleli woMzantsi Afrika
SATSA	UMButho weMidlalo wkumilisela woMzantsi Afrika
SC	IKoloni eseZantsi
SCLTBAA	Southern Cape Light Tackle Boat Angling Association
SCM	ULawulo lweeNtengo
SCMPP	INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba nguWonke wonke yoLuntu iSiyaadla
SCA	IStandard Chart of Accounts
SCOPA	IKomiti esigxina engeAkhawunti zikaRhulumente
SHEQ	UBume beMpilo boKhuseleko, ulawulo lweNgozi nokuLunga
SITA	IArhente kaRhulumente yeTheknoloji yeNgcaciso
SKGODU	Suid-KaapGemeenskap-Ontwikkelings Domino-Unie
SLIMS	INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yeThala leencwadi leSITA
SMS	INkonzo yaBalawuli abaPhezulu
SRSA	IMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika (isebe lesizwe elinoxanduva lemidlalo nolonwabo)
SSMPP	INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba nguWonke-wonke
STI	Ukwasuleka ngesifo sesondo
SWD	Izithili zoMzantsi Ntshona
TB	Isifo sephepha
UNAIDS	INkqubo ehlangeneyo yeZizwe eziManyeneyo ye HIV & AIDS
UNESCO	UMButho weMfundu, iNzululwazi neNkcubeko weZizwe eziManyeneyo
UNIMA	Union Internationale de la Marionette – The Worldwide Puppetry Organisation
UWC	IYunivesiti yeNtshona Koloni
VCT	Ingcebiso nohlolo lokuzithandela
VOC	VereenigdeOost-IndischeCompagnie [Dutch East India Company]
WC	INTshona Koloni
WCCC	IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni
WCPSC	IBhunga leMidlalo lePhondo leNtshona Koloni
WCSC	IBhunga leMidlalo loNxweme lweNtshona
WECCMA	UMButho woMcupo weeKwayala weNtshona Koloni
WP	IPhondo leNtshona Koloni
WPSC	IBhunga leMidlalo leNtshona Koloni
WPSP	IsiCwangciso saMakhono eNgqeshweni

### **3 AMAGQABANTSHINTSHI NGEMISEBENZI YESEBE**

#### **3.1. UMbono**

INTshona Koloni enoluntu oluhlangeneyo, oluneziphwi nolusebenzayo.

#### **3.2. UMnqophiso**

Sikhuthaza ukugqwesa kwezemidlalo nokubandakanya koluntu kwezemidlalo nakwezenkcubeko ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo, ngokwanelisayo nangendlela ezinzileyo kwezibonelelo zethu, nangokudala intsebenziswano nabanye abantu. Ukukhokelela ukuba sibe nokugqwesa, siza kudala iimeko zokufikelela koluntu nokuthatha inxaxheba kwesinini, ukufunyanwa kweziphwi nokuphuhlisa kwezakhono.

#### **3.3. linqobo ezisesikweni**

Ikhono, Ukuthabatha uxanduva, Imfezeko, Ukusabela, Ulolongo.

#### **3.4. linjongo zeqhinga ejolise kumphumela**

<b>INjongo yeQhinga 1</b>	Inkonzo yolawulo esebebenzayo, efanelekileyo nenoqoqosho
<b>INjongo yeQhinga 2</b>	Ukukhuthazwa, ukuphuhlisa nokuguqulwa kwayo yonke imisebenzi yenkubeko eNTshona Koloni ukulungiselela ukunikela kulwakhwi lwasizwe, ulawulo olululo, ukuphuhlisa kwenkunzi yehtlalo neyoluntu; nokunikela kukukhula koqoqosho namathuba.
<b>INjongo yeQhinga 3</b>	Ukuphuhlisa, ukuguqulwa nokukhuthazwa kwethala leencwadi elizinzileyo, ingcaciso neenkonzo zelifa lemveli.
<b>INjongo yeQhinga 4</b>	Ukuqaliswa nokuxhaswa kwamacandelo nemisebenzin yobandakanyo lwemidlalo yentlalo nolonwabo.

### **4 IZIGUNYAZISO EZESEMTHETHWENI NEZIZEZINYE**

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) lisithabatha isigunyaziso sezomthetho njengesibophelelayo aphi konke ukusebenza kwalo okupheleleyo kusekwe khona, ingakumbi ukusebenza kakuhle, ubulungisa kunye nokufumaneka konikezeloo lwenkonzo, okusekwe kwiPhepha le leNgaciso yoMgaqo-nkqubo ekuguqulweni kokuNikezelwa kweNkonzo kaRhulumente, ebizwa ngokuba "Iqalelo leBatho Pele".

ISebe lisebenza kwizigunyaziso ezsenthethweni nezomgaqo-nkqubo ochazwe apha ngasezantsi.

#### **Izigunyaziso zomgaqo-siseko**

<b>ICandelo</b>	<b>INkcachelo</b>
<b>UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996</b>	
ICandelo 6(3) kunyene(4): ULwimi	URhulumente weNTshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho kunye neminye imiqathango, alawule yaye abeke iliso ekusebeniseni kwalo iilwimi ezisesikweni. Zonke iilwimi ezisesikweni kufuneka zifumane ukufaniswa yaye kufuneka ziphathe ngobulungisa. IKomiti yeELwimi yeNTshona Koloni, ngentsebenziswano neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezeMidlalo, inoxanduva lokubeka iliso novavanyo lomiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi wePhondo leNTshona Koloni, owamkelwe ngowama-2001, yaye kufuneka inike ingxelo kwiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo leNTshona Koloni ngesi sigunyaziso mhlawumbi kube kanye ngonyaka.
ICandelo 30: ULwimi neNkcubeko	ISebe liququzelela amathuba alungiselelw abantu eNTshona Koloni ukuba basebenzise ulwimi lwabo namalungelo enkcubeko ngokusetyenziswa kweenkqubo neeprojekthi elizimeleyo nelizixhasayo.
ICandelo 31: Uluntu lwenkcubeko, lwenkolo nolwimi	IDCAS kufuneka iqinisekise ngento yokuba iinkqubo zayo neeprojekthi ziayazhlionipa iyantlukwano yenkcubeko yabemi beNTshona Koloni.
ICandelo 41: Imithetho-siseko yentsebenziswano karhulumente nobudlelwane noorhulumente	IDCAS isebezisane nawo onke amacandelo karhulumente. Ngokuhambelana nezigunyaziso ezithe ngqo, ISebe lisebenza ngokusondeleyo neSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko (DCAS) neMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika (SRSA). ISebe lesizwe

ICandelo	INkcazelو
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996	
ICandelo 156(4): Ulwabiwo namagunya	<p>IDCAS kufuneka yabe okanye inikezele amagunya kumasipala ngesivumelwano yaye kuxhonyekewo nakuyiphi na imiqathango efanelekileyo, ulawulo lomba odweliswe kwiCandelo A seShedyuli 4 okanye iSahlulo A seShedyuli 5 ebhekiselele kumasipala, ukuba —</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>(a) umba lowo uya kulawulwa ngokulungileyo kwiningqi; yaye</li> <li>(b) umasipala unesakhono lokuwulawula.</li> </ul> <p>IDCAS iququzelala ukunikezelala ngeenkonzo zamathala encwadi karhulumente, athi ngoko umasipala akubone njengesigunyaziso esingaxhaswa ngemali. Ezi nkonzinikezelala ngentsebenziswano neCandelo loLawulo-mali leSizwe kunye neSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko ngokusetyenziswa koMnikelo woXhomekelo olungiselelw amathala eeNcwadi oluntu, ngenkxaso engaphezulu evela kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo leNgxowa-mali kaMasipala yoTshintsho.</p>
IShediyuli 4: IMimandla eSebenzayo eVumelanayo noBuchule beNdu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo	<p>Imicimbi yeNkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ISebe lisebenza ngokusondeleyo kwiSebe lesizwe lezoBugcisa neNkcubeko kunye namacandelo anxulumeneyo karhulumente ngokubhekiselele kuvumelwano lobugcisa, inkcubeko nemiba yamafa.</li> </ul> <p>UMgaqo-nkqubo wolwimi nomthetho weelwimi ezisikweni ukuya kutsho kwinto yokuba izibonelelo zecandelo 6 loMgaqo-siseko unikezelala ngokucacileyo kubuchule obusemtethwani beNdu yoWiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• IDCAS iseberza ngokusondelela neDAC kunye namacandelo anxulumeneyo karhulumente abhekiselele kwimiba yomgaqo-nkqubo yolwimi.</li> </ul>
IShediyuli 5: IMimandla eSebenzayo yoBuchule oBubodwa obuseMthethwani bePhondo	<p>IIndawo zokugcina amafa ezingezizo iindawo zokugcina amafa zesizwe:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• IDCAS igunyazisiwe ukuba iyile umthetho wephondo obhekiselele kwiindawo zokugcina amafa ngaphandle kwezo ndawo zokugcina amafa zesizwe ukulungiselela ukulawula uyilo lwalo. ISebe linoxanduva lokunikezelala ngeThala leeNcwadi lephondo neNkonzo yeNgcaciso nokusebenza ngokusondeleyo noogunyaziwe bethala leencwadi likawonke-wonke ekunikezeleni ngenkonzo yethala leencwadi likawonke-wonke.</li> </ul> <p>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• IDCAS igunyazisiwe ukuba iyile umthetho wephondo obhekiselele kumathala eencwadi ngaphandle kwaloo mathala eencwadi esizwe ukulungiselela ukulawula uyilo lwalo. ISebe linoxanduva lokunikezelala ngeNkonzo yoLondolozo IweMbali yePhondo nokusebenza ngokusondeleyo namaziko olondolozo lwembali afumana inkxaso yesebe.</li> </ul> <p>Imiba yenkcubeko yephondo (kubandakanya ulawulo Iwezbonelelo zamafa namagama engingqi):</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• IDCAS ibonelela iLifa leMveli iNtshona Koloni (HWC) -(izibonelelo zogunyaziwe zamafa ephondo) - ngabasebenzi kunye nenkxaso yolwabelwano lwemali nenkxaso yolawulo kubalawuli nokuphattha isigunyaziso salo esisemthethwani. UMEC (iLungu leBhunga loLawulo (lePhondo) ngokunjalo unamagunya athile asemthethwani yaye ungugunyaziwe eqeshelwe ukubhena kumthetho ukulungiselela iNtshona Koloni.</li> </ul> <p>IDCAS ibonelela ngobuchule nenyenkyo inkxaso kwiKomiti yaMagama ngokweNgingqi yeNtshona Koloni ukuququzelala uthethwano loluntu kwiNtshona Koloni ngokubhekiselele kulungelelwaniso notshintsho kumagama engingqi nokwenza iingcebiso kwiBhunga leNgingqi yoMzantsi Afrika. ISebe libonelela ngobuchule nenyenkyo inkxaso kule Komiti.</p> <p>Imidlalo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ISebe linoxanduva lokuncedisa ngokwenza indawo esingqongileyo ibe nako malunga nezemidlalo yephondo nezinto zokuzonwabiswa.</li> </ul>

I Candelo	INkcazelو
<b>UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996</b>	
I Candelo 195: linqobo zesiseko nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente.	Amagosa eDCAS anoxanduva nokuhambelana nezibonelelo zecandelo 195 ezithi zibonelele ngenkcazelو yeenqobo zedemokhrasi nemithetho-siseko elawula amagosa karhulumente. I Candelo 195(1) (b) lidinga ukukhuthazwa koqoqosho olusebenzayo nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezibonelelo. Oku nje kukodwa kuthetha into yokuba iinkqubo eziqaliswego kwicandelo likarhulumente zinganakho ukuvelisa izibonelelo ezipheleleyo ngeendleko eziphantsi kakhulu.
I Candelo 92 & 133	I Candelo lama-92 libonelela ngento yokuba "amalungu eKhabhinethi anoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela ngokwawo kwiPalamente ukulungiselela ukusebenzisa amagunya awo nokwenza imisebenzi yawo". Zichaza nento yokuba kufuneka "anikezele kwiPalamente iingxelo ezipheleleyo nezenziwa rhoqo ezibhekiselele kwimicimbi ephantsi kolawulo lwabo". I Candelo 133 libonelela ngento yokuba ooMEC banamakhono banoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela kwindlu yoWiso-mthetho yePhondo ngeengxelo ezipheleleyo nezenziwa rhoqo ngemiba ephantsi kolawulo lwabo.
<b>UMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni, 1997 (uMthetho woku-1 we-1998)</b>	
I Candelo 5	Ukulungiselela iinjongo zoRhulumente weNtshona Koloni: (a) lilwimi ezesikweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka ziisetenyensiwe; yaye (b) ezi lwimi zifumana iwonga elilinganayo. URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokusetyenziswa komthetho neminye imiqathango, alawule nokubeka iliso kukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. URhulumente weNtshona Koloni kufuneka ngokunjalo amilisele imiqathango esebebenzayo nefanelekileyo ukuphakamisa iwonga nokuquhubela phambili kokusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zabantu beNtshona Koloni awonga lwalo nokusetyenziswa kuthe kwacima ngokwembali.
I Candelo 70	Indlu yowiso-mthetho yePhondo kufuneka ibonelele ngokusekwa nenkxaso efanelekileyo, kwizibonelelo ezhkhoyo zoRhulumente weNtshona Koloni, zebhunga lenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye amabhunga oluntu IweNtshona Koloni lusabelana ngelifa lenkcubeko nolwimi. ISebe linegunya lokongama kwiKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngokubhekiselele noyilo lomthetho owawunqulunqwe ukulungiselela le njongo. Ukubhaliswa nenkxaso kumabhunga enkcubeko: <ul style="list-style-type: none"><li>• IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni [WCCC], elinye lamacandelo karhulumente wephondo elithe iDCAS lanoxanduva linikwe umsebenzi wokubhalisa, ukuxhasa, kumabhunga enkcubeko abhalisiweyo.</li></ul>
I Candelo 81	URhulumente weNtshona Koloni kufuneke amkele aze amilisele imigaqo-nkqubo ngokukhuthala ukulungiselela ukukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yabantu beNtshona Koloni, kubandakanya imigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni: <ul style="list-style-type: none"><li>• ukukhuthaza kwentlonipho yamalungelo enkcubeko enkolo nawolwimi lwabantu kwiNtshona Koloni ; kunye</li><li>• nokhuselo nokulondolozwa kwamafa embali, embali yenkcubeko, inzululwazi ngezakudala nenzululwazi ngokwakha yeNtshona Koloni ukulungiselela isibonelelo sesizuklwana esikhoyo nesixa elizayo.</li></ul> IDCAS imilisele imigaqo-nkqubo ethe ngqo ukuxhasa ezi zibonelelo.
I Candelo 82	Imiyalelo yemithetho-siseko yomgaqo-nkqubo wephondo kwiSahluko 10 (icandelo 81) ikhokhela urhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nokusebenzisa imithetho.

## IziGunyaziso zoMthetho

UMthetho weSizwe	Isikhokhelo	INkcazelو
UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999	UMthetho woku-1 we-1999	<p>Umthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>ulawulo ulawulo lwemali koorhulumente besizwe nePhondo, amacandelo karhulumente abekwe kuluhlu, amaziko omgaqo-siseko nezindlu zowiso zephondo;</li> <li>ukuqinisekisa ngento yokuba yonke ingeniso, inkcitho, impahla namatyala amaziko alawulwa ngokufanelekileyo nangokusebenzayo; yaye</li> <li>uchaza uxanduva labantu abaphathiswe ngokuthenjwa ulawulo lwemali kula maqumrhu.</li> </ul>
UMthetho weMicimbi yaBasebenzi, we-1994 (njengoko uhlonyelwe, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oHlonyelweyo weMicimbi yaBasebenzi we- 2007)	Isazio 103, iGazethi kaRhulumente 15791, yomhla wesi-3 kuJuni we-1994 noMthetho wama-30 wama- 2007	UMthetho wenza isibonelelo esilungiselelwe umbutho nolawulo IweDCAS, umthetho wemiqathango yengqesho, isithuba sokuba seofisini, ululeko, umhlalaphantsi nokugxothwa kwamalungu enkonzo yabasebenzi, nemiba enxulumeneyo.
UMthetho weCandelo leNgeniso, wama-2012	UMthetho 5 wama-2012	IDCAS ifumana iminikelo yoxhomekeko ngokwemiqathango yoMthetho weCandelo leNgeniso (DORA) yaye linoxanduva yolawulo Iwezi ngxowa-mali.
UMthetho wokuKhuthazwa kweLungelo lokufumana iNgcaciso, 2000	UMthetho wesi-2 wama-2000	<p>Lo Mthetho unika impembelelo kwilungelo lokufumana iirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, ngamaziko karhulumente namaqumrhu angasese. Phakathi kwezinye izinto, IDCAS nalo naliphi na iqumrhu likarhulumente nelangasese kufuneka:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>liqulunqe incwadana ethi ichazele amalungu oluntu ngendlela yokungenisa isicelo sokufumana ingcaciso ethe yagcinwa liqumrhu; ze</li> <li>lityumbe igosa lengcaciso lokuqwalasela icicelo zokufumana ingcaciso egcinwe liqumrhu.</li> </ul>
Ukukhuthazwa koLawulo loBulungisa, 2000	UMthetho wesi-3 wama-2000	<p>Lo Mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>uthi thaca imithetho nezikohkholo ekufuneka zilandelwe ngabalawuli xa besenza iziqqibo;</li> <li>udinga ukuba abalawuli bazise abantu malunga ngelungelo labo lokuvavanya okanye ukubhena nelungelo labo lokufuna izizathu;</li> <li>udinga ukuba abalawuli banike izizathu ngeziggibo zabo; yaye</li> <li>banike amalungu oluntu ilungelo lokucela ubungqina bezigqibo zabalawuli enkundleni.</li> </ul>
UMthetho wamaZiko eNkcubeko we-1998	UMthetho 119 we-1998	IDCAS kufuneka inxibelelane yaye isebezisane kune namaziko enkcubeko abhengezwе kwisizwe abhekiselele kubugcisa, inkcubeko nemiba yamafa.
UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, we-1983	UMthetho 35 we-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni yaye IDCAS inoxanduva yokuhambelana nezibonelelo zoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (INdlu yoWiso-Mthetho), 1989	UMthetho 65 we-1989	Lo mthetho wabelwa iNtshona Koloni yaye IDCAS inoxanduva yokuhambelana nezibonelelo zoMthetho.
UMthetho wezaMafa kune neNkonzo yeeRekhodi zoMzantsi Afrika, we-1996	UMthetho 43 we-1996	<p>IDCAS inoxanduva yokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeNgcebiso elungiselelwe ezaMafa eSizwe.</p> <p>ISebe linoxanduva lokuhlangabezana nesithethe nemigangatho ethiwe thaca ngokuhambelana nalo mthetho.</p>

<b>UMthetho weSizwe</b>	<b>Isikhokelo</b>	<b>Inkcazelو</b>
UMthetho weBhunga loBugcisa leSizwe, we-1997	UMthetho 56 we-1997	IDCAS inoxanduva yokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiBhunga loBugcisa leSizwe (NHC), ukulungiselela intsebenziswano nolungelelwaniiso neBhunga loBugcisa leSizwe, nokulungiselela inkxasomali yeBhunga loBugcisa leSizwe ukulungiselela upphuhliso lobugcisa nenkcubeko kwiNtshona Koloni.
UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999	UMthetho 11 we-1999	IDCAS inoxanduva yokunyula ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiBhunga laMafa leSizwe (NHC), nokulungiselela intsebenziswano nolungelelwaniiso lwemisebeni enxulumene nenkxaso-mali neeprojekthi ezithi ziqhutywe yi-NHC kwiNtshona Koloni.
UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999	UMthetho 25 we-1999	I DCAS iqinisekisa ngohambelwano ngokubeka iliso kukunyulwa kommeli wephondo leNtshona Koloni, ingakumbi abe lilungu leBhunga laMafa eMveli leNtshona Koloni, kwiBhunga leArhente yeZibonelelo zeLifa loMzantsi Afrika (SAHRA). I DCASiqinisekisa ngohambelwano nomthetho kwinto yokuba uMphathiswa kufuneka atyumbe iBhunga leLifa leMveli yeNtshona Koloni, eliza kuba ngugunyaziwe welifa lemveli yephondo leNtshona Koloni. ISebe ngokunjalo linoxanduva lokunxibelelana ze lisebenzisane neSAHRA, iLifa leMveli yeNtshona Koloni noomasipala ngokubhekiselele kulawulo Iwezibonelelo zelifa. ISebe lincedisa uMphathiswa kwimiba aphi kungeniswe izibheno kuye kuchaswa izigqibo zeHWC.
UMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, we-1995	UMthetho 59 we-1995 (icandelo 8(a))	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho udinga ukuba iBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika (PanSALB) iseki ikomiti yolwimi yephondo (PLC) kulo naliph'i na iphondo. I PanSALB inegunya lokunika ingawalasela kwiPLC esele ikho njenge PLC yePanSALB PLC ukuba ngaba iyibona ikomiti imelwe ngokwaneleyo kumdlawolwimi kweloo phondo. I PanSALB inika ingxelo ngomsebenzi weKomiti yolwimi eNtshona Koloni (WCLC) njengomsebenzi wePLC yayo elungiselelwaeNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga lamaGama eNgingqi yoMzantsi Afrika we-1998	UMthetho 118 we-1998	I DCAS inoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zomthetho zokutymba ummeli kwiBhunga lephondo leNtshona Koloni ukuba abe yinxalenye yeBhunga lamaGama eNgingqi eNtshona Koloni, ukuphanda ngamagama engingqi kwiNtshona Koloni ukuqinisekisa ngokubeka emgangathweni yaye, aphi kuyimfuneko, ukuququzelela uthethwano olubhekiselele kwiinguqu ezcicetywayo kula magama.
UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli yeLizwe, 1999	UMthetho 49 we-1999	IDCAS inoxanduva lokuhambelana kune nezibonelelo zoMthetho zokutymbela ummeli wephondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeNgcebiso yeLifa leMveli yeLizwe yoMzantsi Afrika. ISebe linoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zoMthetho kune neNgqungquthela yeLifa yeLizwe ngokubhekiselele kukutuyunjwa kweziza ezingathi zifumanike kuLuhlu IweThutyanlo loMzantsi Afrika kwiKomiti yeLifa yeLizwe leUNESCO.
UMthetho wezeMidlalo noLonwabo weSizwe, we-1998	UMthetho 110 we-1998	UMthetho unikezela ngenkuthazo nophuhliso Iwezemidlalo nolonwabo nolungelelwano lobudlelane phakathi kweSASCOC [uManyano IweMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti yeOlimpiki], iMidlalo noLonwabo yoMzantsi Afrika (SRSA), iimanyano zemidlalo, amabhunga emidlalo nezinye iiarhente. UMthetho unikezela ngaphezuu ngemiqathango ejolise ekulungiseni ukungalingani kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ubulungisa nedemokhrasi kwimidlalo nolonwabo; nokunikezela kwiindlela zesisombululo sempixwano kwimidlalo ukulungiselela ukuba uMphathiswa enze imithetho nokubonelela kwimicimbi enxulumene nale miba


<b>UMthetho weSizwe</b>	<b>Isikhokhelo</b>	<b>INkcazelو</b>
UMthetho weelwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998	UMthetho 13 we-1998 (weNtshona Koloni)	I Komiti yoLwimi yeNtshona Koloni esekwe ngalo Mthetho kufuneka, phakathi kwezinye izinto: <ul style="list-style-type: none"><li>• ibeke iliso kukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni;</li><li>• yenze ingcebiso kwiMEC nePalamente yePhondo kumthetho oyilwayo okanye esele ikho, kwindlela yokusebenza nomgaqo-nkqubo ojongene ngqo okanye ongajongananga ngqo nolwimi eNtshona Koloni;</li><li>• ikhuthaze ngamandla umthetho-siseko wokuthethwa kweelwimi ezinini;</li><li>• ikhuthaze ngamandla uphuhliso lweelwimi zemveli ebezijongelwe phantsi ngaphambili;</li><li>• nokucebisa uMEC kunye neKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni engemicimbi yolwimi kwiPhondo; kunye</li><li>• nokucebisa iPanSALB ngemicimbi yolwimi kwiNtshona Koloni.</li></ul> I DCAS yongamela i WCLC yaye inikezela kwiKomiti ngolawulo nenkxaso yemali.
UMthetho weeKomishini zeNkcubeko zeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, we-1998	UMthetho 14 we-1998 (weNtshona Koloni)	Lo Mthetho umisela iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuba, phakathi kwezinye izinto, iqwalasele ubhaliso nokucinywa kwamabhunga enkcubeko amele uluntu olwabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli lolwimi. I WCCC inakho ngokunjalo ukunika ingcebiso koku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"><li>• ubugcisa obubonwayo, obudlalwayo nobufundwayo;</li><li>• inzululwazi yendalo noluntu;</li><li>• imbalu yenkcubeko; kunye</li><li>• ulwazi lwenkcubeko nobandakanyo lolutsha kwinkcubeko .</li></ul> I DCAS yongamela i WCCC yaye inikezela kwiKhomishini ngolawulo nenkxaso yemali.
IMithetho yoLawulo lweZibonelelo zeLifa yeMveli yeNtshona Koloni, wama-2002	PN 336 yama-25 kweyeDwarha 2002	IDCAS inegunya lokongamela yeLifa leMveli yeNtshona Koloni, uguyaziwe wezibonelelo zelifa lephondo. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iBhunga ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. I DCAS inikezela ngokunjalo ngobuchule nenyne inkxaso kwiHWC.
IMithetho yoLawulo lweZibonelelo zeLifa yeMveli yeNtshona Koloni, we-2003	PN 298 yama-29 kweyeThupha 2003	I DCAS inegunya lokongamela yeLifa leMveli yeNtshona Koloni, uguyaziwe wezibonelelo zelifa lephondo. UMphathiswa unoxanduva lokuqesha kwakhona iBhunga ukulungiselela isithuba sengqesho esilandelayo seofisi. Linikezela ngokunjalo ngobuchule nenyne inkxaso kwiHWC.
UMthetho wooVimba bePhondo neNkonzo yeeRekhodi zeNtshona Koloni, 2005	UMthetho 3 wama-2005 (weNtshona Koloni)	UMthetho umisela ukuba ooVimba neNkonzo yeRekhodi yePhondo yeNtshona Koloni igcine iireshodi zikarhulumente nezingezizo ezikarhulumente zexabiso elikhulu ezingiselele ukusetyenziswa luluntu noRhulumente; ukuzenza ezi rekhodi zibe nokufumaneka; nokukhuthaza ukusetyenziswa kwazo luluntu.
UMmiselo weeMyuziyam, 1975	UMmiselo 8 we-1975 (IPhondo leKapa)	IDCAS inoxanduva lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngokubhekiselele kumaziko olondollozo lwembali ephondo kwiNtshona Koloni.
UMmiselo weOude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), we-1979	UMmiselo 11 we-1979 (IPhondo leKapa)	I DCAS inoxanduva lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ukulawula imicimbi yeOude KerkVolksmuseum eTulbagh.
UMmiselo weNkonzo yeThala leeNcwadi wePhondo, we-1981	UMmiselo 16 we-1981 (IPhondo leKapa)	DCAS inoxanduca lokumilisela nokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngokubhekiselele kumathala eencwadi ephondo kwiNtshona Koloni.

## Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelو
IMigaqo-nkqubo yeSizwe	
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo loBugcisa, iNkcubeko nelifaleMveli(1996)	Olu xwebhu lomgaqo-nkqubo unikezela ngesicwangciso-nkqubo sesizwe esilungiselelwe umgaqo-nkqubo ohlangeneyo wesizwe namaphondo ukulungiselela ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli nethala leencwadi neenkonzo zelifa lemveli.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weelwimi zeSizwe (2003)	Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo sesizwe esilungiselelwe ukumiliselwa kwezibonelelo zoMgaqo-siseko nezigunyaziso zomthetho kuwo onke amasebe karhulumente, kubandakanywa iDCAS. Uthi thaca ngokunjalo imithetho-siseko namaqhinga omiliselo ekufuneka elandelwe.
UMgaqo-nkqubo woLawulo IweRekhodi weSizwe (INcwadana yoMgaqo-nkqubo woLawulo IweeRekhodi 2007)	Olu xwebhu lulawula imida ethe ngqo aphiamaqumru karhulumente kufuneka asebenze kuyo ngokubhekiselele kulawulo Iweerekhodi zavo nendlela iDCAS ekufuneka yongamele ngayo ulawulo Iweerekhodi zamaqumru karhulumente eNtshona Koloni.
ULawulo IweeRekhodi ezikwiKhompyutha kumaQumru kaRhulumente: UMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neeMfuno (2006)	Lo mqaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokhelo kumaqumru karhulumente ukuwanceda ukuba ahambelane neemfuno ezisemthethweni ezbibekiselele kwiirekhodi ezikwihompyutha njengenxalenyen ebalulekileyo yolawulo Iwezibonelelo Iweerekhodi. iDCAS kufuneka ihambelane nemigangatho emiselweyo yesizwe neyehlabathi, aphi kufanelekileyo, yokugcina kwengcaciso esephepheni, kwiinkqubo zekhompyutha nokugcinwa kwengcaciso epapashwayo ukulungiselela ulondolozo lwelifa.
IsiBhengezo se-Indaba seMidlalo noLonwabo yeSizwe (2011)	Oku kudinga ukuba i DCAS ilungelelanise iinjongo ezingundoqo kunye nekujoliswe kuko kweqhingga Iwesibhengezo esithi thaca umbono wemidlalo nolonwabo de kube ngunuaka wama-2020.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weelwimi zeSizwe (2012)	IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP) sithi thaca umbono wemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika de kube ngowama-2020.
IPhepha leNgcaciso leSizwe olungeMidlalo nolonwabo (2012)	Umgaqo-nkqubo ubhekiselele "Masenze isizwe sidlale" ze uqaqambise oku kulandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukwandisa amanqanaba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo;</li> <li>Ukuphakamisa imbonakalo yemidlalo kuthelekiswa nempixwano yemiba engundoqo ekujongenwe nayo;</li> <li>Ukwandisa uthelekiso Iwempumelelo kwimicimbi ebalulekileyo; kunye</li> <li>Nokubeka imidlalo phambili kwiinzame zokulwa amanqanaba olwaphulo-mthetho.</li> </ul> Uxanduva olupheleleyo olulungiselelwe ubonelelo lomgaqo-nkqubo nonikezelo Iwemidlalo nolonwabo luzinze kwiSebe lesizwe lezemmiDlalo noLonwabo (iMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika).
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo sokuBekwa kweLiso noVavanyo sikaRhulumente ngokubanzi (2007).	Injongo yeNkqubo yokubekwa kweLiso noVavanyo kaRhulumente (GWM&E) ngokubanzi kukunikela kuphuculo lolawulo nokwandisa ukusebenza kakuhle kwemibutho yecandelo likarhulumente namaziko. Olu xwebhu lubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo esibanzi esilungiselelwe inkqubo yokubekwa kweLiso novavanyo eMzantsi Afrika. Ivuselela ngokunjalo upuhliso nenkqubo yokubekwa kweLiso novavanyo (M&E) eMzantsi Afrika kukhuthaza ulawulo olusekwe kwiziphumo.
IPhepha loGay-o-zimvo kuLawulo IweNdlela yokuSebenza kukuBekwa kweLiso noVavanyo (2009)	Olu xwebhu lujolise ekuncedeni amagosa karhulumente nogunyaziwe olawulayo ekubeni bajolise ekufezekiseni imiphumela nemiqathango yeziphumo ethiwe thaca ngurhulumente kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF). Luxhibe ukukhuthaza indlela yokusebenza yesebe nomntu ngamnye kuwo onke amanqanaba.
IziKhokhelo zamaSebe eSizwe nawePhondo esilungiselelwe uLungiselelo IwesiCwangciso-nkqubo seM&E	Izikhokhelo zibonelela ngophuhliso Iwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweLiso novavanyo (M&E) kuwo onke amaziko karhulumente. Zimelwe ukuba zisebenzi njengesixhobo sokuvavanya inkqubela yamaziko ithelekiswe neenjongo zavo ezichaziwego. Le nkqubo idinga amasebe ukuba abe nengqiqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zenckukacha zolawulo, iinkcukacha zolwazi zolawulo ezibekiwego kunye nemigqaliselo yendlela yokusebenza (PLS). Imigqaliselo kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso ezithe ngqo zomgaqo-nkqubo nohlahlelo loluhlu Iwemigqaliselo kufuneka luqhutywe ukumisela ubudlelwane nesizathu nomphumela.
INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiwego (EPWP)	ISicwangciso sokuSebenza seEPWP seCandelo lezoLuntu (iMidlalo) nezeNdalo nokuyiNgqongileyo kwakunye neCandelo lezeNkcubeko (iMicimbi yenkcubeko) sinkwa isikhokelo kwisebe malunga nokusebenzia imali yeli candelo ukucutha nokulwa ukunqaba kwemisebenzi.

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
UMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni (opapashwe kwiGazethi yePhondo njengePN 369/2001 yomhla wama-27 kweyeNkanga 2001)	IDCAS, nawo onke amanye amasebe ephondo, anyanzelekile ukuba amilisele izibonelelo zoMgaqo-nkqubo wolwimi weNtshona Koloni. Ukwangezelela, iSebe linkwe umsebenzi wokunikezela ngeenkonzo zeelwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngeyunithi yeelwimi ekwindawo enye.
UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali olungiselelwe uBugcisa neNkcubeko (2009)	Umgaqo-nkqubo wenkxaso-mali ukhokhela ulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yenkcubeko.
INkxaso-mali yeMidlalo noLonwabo (2012)	Olu xwebhu lusisikhokhelo solwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yemidlalo.
UMgaqo-nkqubo oYilwayo olungiselelwe ukuThiywa kwakhona kweMbonakalo yeNdawo (2007)	Umgaqo-nkqubo oYilwayo uthi thaca iinqobo ekufuneka ziqwälaselwe kunye neenkqubo emazilandelwe liSebe neKomiti yamaGama eeNdawo eNtshona Koloni (iqumruh lengcebiso) xa liququzelelayo yaye lithethana nabachaphazelekayo noluntu ngokubekwa emgangathweni, ukuthiya ngokutsha, okanye ukutshintshelwa, kwamagama eendawo asele ekho. La maqumrhu angenza iingcebiso kwiBhunga lamaGama eeNdawo loMzantsi Afrika kunye noMphathiswa wesizwe wezoBugcisa neNkcubeko.
INkqubo yokuBekwa kweLiso noVavanyo wePhondo liphela	Olu xwebhu lusebenza njengempendulo yephondo kwiNkqubo eBanzi yeM&E kaRhulumente. Ijolise ekuphuculen ikuunikezelwa kwengxelo yolawulo ze ngamathuba ngamathuba inikezele ngokwensiwa kwezigqibo okusekwe kubungqina ukulungiselela ukulungiswa kakuhle komgaqo-nkqubo nolwabiwo lwezbonelelo ukulungiselela ukuphucula ulawulo.
UMgaqo-nkqubo oYilwayo weMyuziyam weNtshona (2012)	Umgaqo-nkqubo oYilwayo ubonelela ngesiseko esilungiselelwe umntu ngamnye noluntu ukusekwa nokugcinwa kweemyuziyam zeNtshona Koloni kwizibonelelo zoMgaqo-nkqubo. Ucebisa ngokunjalo ngescwangciso-nkqubo esilungiselelwe umthetho omtsha wemyuziyam wephondo leNtshona Koloni oya kuthi ubekwe endaweni yoMmiselo weMyuziyam ophelelwe licesha, we-1975 (ongunombolo 8 we-1975).

Amaqhinga okusebenza	INkcazelo
<b>Amaqhinga okusebenza ePhondo</b>	
UMnikelo woXhomekeko: INkqubo yokuHlaziya kwamaThala eeNcwadi ukulungiselela ukwandiswa kweenkonzo zethala leencwadi zoluntu.	I DCAS inoxanduva lwempumelelo yomilisel nolawulo lweprojekthi yomnikelo woxhomekeko kwiNtshona Koloni.
Amagunya: Iqala loMsebenzi lePhondo eliHlangeneyo leMidlalo yeZikolo (2012)	I DCAS inikwe uxanduva yiRSA kune neSebe leSizwe leMfundu yeSiseko lokuseka Iqala loMsebenzi lePhondo eliHlangeneyo leMidlalo yeZikolo (JPPT) ukongamela ukulungelelanisa nokumilisela iqhingga lemidlalo yezikolo, nokuqinisekisa ngokuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo yezikolo.
Izikhokhelo ezilungiselelwe ukuSekwa lweKomiti yeKhowudi ukuxhasa imidlalo yezikolo (2013)	I RSA kune neSebe leSizwe leMfundu yeSiseko ibonelela ngezikhokhelo ezicacileyo ukulungiselela ukusekwa kweekomiti zemidlalo yezikolo ezithe ngqo kwikhowudi kwiSekethe, kwiSithili nakwinqanaba lephondo. I DCAS inoxanduva lokulungelelanisa imisebenzi enxulumene nemidlalo yezikolo kwikhowudi ezinanzi. likomiti zolungelewaniso ezithe ngqo kwikhowudi ziayafuneka ukulungiselela ukunika ingxelo kumanyaniso olufanelekileyo lwemidlalo.
<b>Amaqhinga okusebenza ePhondo</b>	
ISikhokelo seMidlalo yezikolo	Olu xwebhu lweDCAS lunika isikhokelo kumaqumrh ekusetyenziswano nawo ukuze atheobele imigaqo-nkqubo yezemidlalo eyahlukeneyo neSicwangciso SezeMidlalo noLonwabo seSizwe
IsiCwangciso-Qhinga loPhuhliso lweentlobo (2008)	Olu xwebhu lubonelela ngescwangciso-nkqubo esilungiselelwe uphuhliso, ukukhuthazwa nolundolozwa kweentlobo zobugcisa kwiNtshona Koloni.
IsiCwangciso-Qhinga seForam neNkcubeko	Olu xwebhu lujojise ekwandise intsebenziswano phakathi kweDCASE noluntu ngokusekwa nokuthotyisa kweeforam zenkcubeko.
ISikhokelo soLwaluko neMithetho yokuziPhatha	Olu xwebhu lujojise ekukhuthazeni nasekulondolozeni iinkqubo zolwaluko kwiPhondo liphela kwaye ligxile kwinkqubo yenkathalelo yaphambi nasemva kolwaluko ukuqinisekisa ulwaluko olukhuselekileyo.



## 6 AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA

Amaziko amaThathu anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo: iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni neLifa leMveli leNtshona Koloni.

Igama leziko elikhoyo	UMthetho	Ubudlelwane bezemali	Ubume beshishini
IKomishini yeNkcubeko yaseNtshona Koloni	UMthetho weKomishini yeNkcubeko noMthetho wamaBhunga eNkcubeko ka-1998 (uMmthetho 14 ka1998)	I DCAS ngumxhasi ngemali ongundoqo weWCCC. Ikhuphela intlawulo kwiKhomishini ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	I WCCC inoxanduva ngokwasemthethweni lokubhalisa nokucima amabhunga enkcubeko. Ikwanikwe umsebenzi nguMphathiswa wePhondo ukongamela ulawulo Iwamaziko athile enkcubeko anikwe wona nguMphathiswa wePhondo ukuba abe phantsi kolawulo Iwayo
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	UMthetho weelwimi zePhondo leNtshona Kolonika-1998 (UMthetho 13 ka-1988)	I DCAS ngumxhasi ngemali ongundoqo weWCLC. Ikhuphela intlawulo kwiKomiti ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	I WCLC inoxanduva: lokubeka ilis kusetyenziso IwesiBhulu,isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; yenze ingcebiso kwiMEC nePalamente yePhondo kumthetho oyilwayo okanye esele ikho, kwindlela yokusebenza nomgaqo-nkqubo ojongene ngqo okanye ongajongananga ngqo nolwimi eNtshona Koloni; ikhuthaze ngamandla umthetho-siseko wokuthethwa kweelwimi ezinanzi; ikhuthaze ngamandla uphuhliso lweelwimi zemveli ebezijongelwe phantsi ngaphambili; nokucebisa uMEC kunye neKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni engemicimbi yolwimi kwiPhondo; kunye nokuncebisa iPanSALB ngemicimbi yolwimi kwiNtshona Koloni.
ILifa leMveli eNtshona Koloni	UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli yeSizweka-1999 (UMthetho 25 ka 1999)	I DCAS ngumxhasi ngemali ongundoqo HWC. Ikhuphela intlawulo kwiKomiti yeHWC to ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo.	Njengogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo olungiselwelwe iNtshona Koloni, i HWC inoxanduva oluthe ngqo olusemthethweni ngokuhambelana noMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe lowe-1999.

URhulumente weNtshona Koloni uzibophelele ekuqhubeni inguqu yentlalo ngokuquuzelela ulungiso ngokutsha, ukukhuthaza uxolelwano, nokukhumbula iyantlukwano ze ngokunjalo ahlangabezane nekujoliswe kuko kunikezelo lwenkonzo. Ngesithuba esiphantsi kovavanyo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizifezekisile ezo mbophelelo ze laphembelela umbono walo "wokuyila iNtshona Koloni esebezayo nemanyeneyo".

Okuqaqambileyo konyaka kubandakanya ukubhengeza kweMyuziyam eyaziwa njengeLwandle Migrant Labour njengemyuziyam encedwa liphondo nesibhengezo seendawo zelifa lemveli zephondo ezibonakalayo ezimbini – iRatelgat, ikhaya lomoya wobungcwele lamaGrikwa, neDe Hel eConstantia. Ukusekwa kwemiboniso esigxina yembali yeelokisia zaBantsundu nabebala iNduli neRooikamp kuMyuziyam iTogryers eCeres kube noncedo kakhulu ukunceda uxolelwano nokunyanga iyantlukwano yexa elidlulileyo.

Le Ngxelo yoNyaka iqaqambisa ixabiso lothelelwano phakathi kweDCAS kune nabachaphazelekayo beqhinga, abangaba iMidlalo noLonwabo boMzantsi Afrika, iSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko, amaqumru amanyeneyo emidlalo nemibutho yenkcubeko, ngokunjalo nefuthe layo kunikezelo lweenkonzo kabantu baseNtshona Koloni. Inyathelo lokubheka phambili elibalulekileyo kwisithuba sonyaka yaba kukuqunkunjela nokwamkelwa kwesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Ukumiliselwa kweNSRP kuya kuzisa ulungelewaniso phakathi kweDCAS kwiNtshona Koloni kune neziphumo eziqikelelwayo zemidlalo nolonwabo ukulungiselela uMzantsi Afrika ngokupheleleyo.

Ndibulela kwiNkulumbuso nakoogxa bam abakwiKhabhinethi ngobunkokheli babo nenkxaso, iKomiti eSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngegalelo layo elisebezayo lokongamela nesikhokhelo, kune nabachaphazelekayo namaqabane eqhinga athe anceda impumelelo yethu. Amasebe amathathu kaRhulumente aphantsi onke kolawulo IweDCAS – iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni kune neKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni – onke adlala indima ebalulekileyo. Ndithanda ukunika ingqwalasela iNkundla yeZibheno yeLifa leMveli ngenkonzo ebalulekileyo eyinikezeleyo. Ndithanda ngokunjalo ukubulela abalawuli abaphezulu beSebe kune nabasebenzi ngokuzinikela kwabo okuqbekayo kunikezelo lwenkonzo elungileyo kabantu beNtshona Koloni.



---

**UGQ. I H MEYER**

**MEC weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**

**kweyeThupha 2013**

### **IMBONO YABALAWULI ABAPHEZULU BESEBE**

I-DCAS yagqiba kwindibano yocwangciso lweqhinga ngokuqinisekisa umbono wayo ongulo "wokuyila iNtshona Koloni esebezayo nemanyeneyo". Urmsebenzi weSebe ubonakala kuzo zonke iintlanga nakummandla wonke waseNtshona Koloni. Ingqikelelo eahuba abalawuli yinto yokuba iinkonzo kufuneka zinikezelwe ngokwesicwangciso-nkqubo solawulo olulungileyo kodwa, okubalulekileyo, yinto yokuba imithetho nemimiselo akufuneki isetyenziswe njengonobangela wokusilela ukunikezelwa kwenkonzo. Le ndlela incede inqanaba lokusebenza elingenakho ukufaniswa nanto kunyaaka-mali wama-2012/2013.

### **IZIFEZEKISO KWISITHUBA SONYAKA**

Kwiminqondiso yokusebenza kwenkubo (iiPPI) eli-137 esebezayo kunyaaka ophantsi kovavanyo, eli-134 ithe yafezekiswa. Izifezekiso ezingundoqo zephondo zibandakanya:

- ukunikezela ngenxaso kwimibutho yemidlalo eli-110 kwiPhondo leNtshona Koloni, iBoland, iziThili zaseNtla-Ntshona kune nemimandla yaseWest Coast;
- ukunikezela ngenxaso kwimibutho yenkcubeko engama-57 esebezayo kumacandelo omdaniso, umculo, ukuzoba, imidlalo noluncwadi;
- ukuxhasa amaziko ethala lencwadi angama-96 ukulungiselela ukunikezelwa kwenkonzo yethala leencwadi nokukhuthaza umdla wokufunda;
- ukuqaliswa kwenkubo yeZiko loThatyatho Iwenxaxheba sisinanzi; Ithuba nelungelo; uPhuhliso nokukhula kwiindawo ezili-181 ukunceda ukuba ulutsha luthabathe inxaxheba kwimidlalo, ubugcisa nemisebenzi yenkcubeko ukuphuma kwesikolo;
- ukwandiswa kweprojekti yonxibelewano kumathala eencwadi asemaphandleni kuluntu Iwasemaphandleni lweendawo ezingama-347 kwiNtshona Koloni;
- ukwandisa iprojekti yokufikelela kwamathala eencwadi ahambayo aziwa ngokuba zi "Wheelie Wagons"ukulungiselela ukufumana ilungelo leenkono zamathala eencwadi kwiqingqi zasemaphandleni ezingakhange zinikezelwe ngenkonzo;
- ukulungelelanisa inkqubo yenxaso-mali yemibutho yenkcubeko nemibutho emanyeneyo yemidlalo;
- ukuvuselela uyilo lwemisebenzi kushishino lwemidlalo nolonwabo kusetyenziswa iNkqubo yeZiko leMOD; kune
- ukwakhiwa kothelelwano olwahlukaneyo kune namanye amasebe karhulumente kune nemibutho yoluntu.

### **IMINGENI APHA ENYAKENI**

iSebe linesigunyaziso esibanzi kune noluhlu loxanduva olubanzi; oluqalela kwimidlalo nolonwabo ukuya kubugcisa, inkcubeko, ulwimi, amagama eendawo, amathala eencwadi, amaziko olondolozo Iwembali, ilifa lemveli nooVimba

Ngaphezulu, iDCAS yakhiwe yanxulunyaniswa kumasebe amabini esizwe – iMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika neSebe lezoBugcisa neNkqubo. Ngaphezulu iSebe lidinge ka ukuba linikezele ngolawulo nenxaso yemali kumacandelo amathathu karhulumente. I DCAS kufuneka ngoko iqinisekise ngento yokuba ilungelelaniswe ngokuthe nkqo kune nemiphumela yesizwe yaye ilungelelaniswe ngokuthe tyaba kumbono wephondo "woluntu

olvulelw amathuba kulo lonke" kunye neNjongo yeQhinga lePhondo yesi-8: "Ukukhuthaza ngokubandakanya kwentlalo nokudanjswa kwentlupheko".

Intlanganisela yokunikezelwa kwenkonzo kuyo yonke imimandla yomsebenzi owahlukeneyo nokunika ingxelo kwimibutho yolawulo engaphezulu kombutho omnye yenza unikezelo lwenkonzo kwiDCAS lube banzi kwamanye amasebe.

UMgaqo-nkqubo ubonelela ngento yokuba amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe aphantsi kolawulo kuphela Iwendlu yowiso-mthetho yephondo. Ngokwembali nangokusemthethweni, oomasipala bathe babandakanya kwindlela yokusebenza kumsebenzi wethala leencwadi, kodwa esi sigunyaziso asixhaswa ngamali ngokwakaloku nje.


I DCAS icwangcisele ukunika ingqwalasela kumba wesigunyaziso sethaa lencwadi elingaxhaswa ngamali ngokulandelelana. Iqalise ngowama-2011/12 ukulungisa lo mba ngenkxaso-mali engaphelelanga kunye nokunikezelwa kolawulo lomsebenzi wethala leencwadi koomasipala [abasesichengeni] becandelo le-15 B3 leNtshona Koloni. Iprojekti iqhubekile kunya ophantsi kovavanyo. Ukuqaliswa komsebenzi wolawulo lomsebenzi wethala leencwadi koomasipala abaseleyo bephondo kuya kudinga ikhono elongzelelweyo nezibonelelo zemali. Ngeli thuba urhulumente wesizwe nowephondo atthe wanikela ngezibonelelo ezangezelelweyo ukuqwalasela lo mba, akukabikho nakaloku nje inkxaso-mali eyaneleyo ukusombulula le ngxaki ngokupheleleyo. Umba wokunyaziso wamathala leencwadi angaxhaswa ngemali, uya kudinga ingqwalasela engaphezulu kunya opheleleyo wesithuba seMTEF.

### **IZICWANGCISO ZEXA ELIZAYO NEMISEBENZI**

I-DCAS ithe kwakhona yabonisa ikhono layo ukuphembelela ingeniso efanelekileyo ngokubhekiselele kobekujolise kuko okuthiwe thaca kwisiCwangciso soNyaka seNdlela yokuSebenza, ukulungiselela ukunikezelu ngeenkonzo ezikwinqanaba eliphezulu kuluntu, ukulungiselela ukuchitha ngokulingana nohlahlo Iwabiwo-mali bayo, ukumilisela isigunyaziso sayo ngokwesicwangciso-nkqubo solawulo, nokunikezelu kwimiphumela yayo ebicwangcisiwe kwisithuba seMTEF.

Le Ngxelo yoNyaka ibonisa ulungelelwaniso IwePhondo oluthe nkqo kunye nemiphumela yesizwe nemiqondiso, ngokunjalo nolungelelwaniso Iwayo oluthe tyaba oluhambelana neenjongo yeqhinga lephondo nemiqondiso. Oku kusibeka kumgaqo wokuhula olulinganisiweyo kwimicimbi yenkcubeko namacandelo emidlalo.

Sixhibe ekucoseleleni iNkqubo yeZiko leMOD nokwandisa ukuthatyathwa kwenxaxheba ngokulungelelanisa oko kunikezelwa ngamasebe ze kubandakanywe eminye imisebenzi enxulumene nolutsha yephondo kunye namanye amasebe karhulumente. Ekugqibeleni, amaZiko eMOD amele ithuba lethu elilungileyo lokwandisa amathuba obomi abantu abatsha kwiindawo zoluntu ezihluphekileyo nokuqinisekisa ngento yokuba iNtshona Koloni ngokwenene yebandakanyayo ngokwentlalo, nephondo elisebenzayo loMzantsi Afrika.



**Brent Walters**

**IGosa eliNika iNgxelo**

**ISeba leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**

## ICANDELO B: INGCACISO YENDLELA YOKUSEBENZA


### 1 INGXELO YOXANDUVA ELUNGISELWE INDLELA YOKUSEBENZA

**Ingxelo yoXanduva elungiselelwe iNdlela yokuSebenza ukulungiselela unyaka ophela ngowama-31 kuMatshi 2013**

UGunyaziwe oNika iNgxelo unoXanduva lokulungisa ingcaciso yokwenziwa komsebenzi kunye nentelekelelo eyenziwego kule ngcaciso.

UGunyaziwe oNika iNgxelo unoXanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo Iwangaphakathi oluyilelwe ukunikela ngengqiniseko efanelekileyo kuthelekiswa nemfezeko nokuthembeka kwengcaciso yendlela yokwenziwa komsebenzi.

Ngokwembono yam, ingcaciso yokwenziwa komsebenzi ibonisa imfezekiso ekhoyo ethelekiswa neenjongo ezicwangcisiwego, imiqondiso nekujoliswe kuko ngokweqhinga nesiCwangciso soNyaka seNdela yokuSebenza seSebe esilungiselelwe unyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kuMatshi 2013.



**Brent Walters**

**IGosa eliNika iNgxelo**

**ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**

## **2 INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWEYO**

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ngokwakaloku nje uqhuba iinkqubo eziyimfuneko zophicotho-zincwadi kwingcaciso yendlela yokwenziwa komsebenzi ukulungiselela ukunikezelwa ngengqinisekiso efanelekileyo ngokufana nokuqunkelwa kophicotho-zincwadi. Isiqukumbelo sophicotho-zincwadi kwindlela yokwenziwa komsebenzi sithelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili sibandakanyiwe kwingxelo yolawulo nokufunyenweyo kunikwe ingxelo ngako phantsi kwestihloko seeNjongo eziMiselwe kwangaphambili kwiNgxelo ezingomnye umthetho necandelo leemfuno ezilawulwayo kwiNgxelo yoMphicothi-zincwadi.

Khangela kwiphepha leNgxelo yoMphicothi-zincwadi, epapashwe njengeSahlulo E: Ingaciso yeMali.

### **3 AMAGQABANTSHINTSHI NGENDLELA YOKUSEBENZA KWESEBE**

#### **3.1 Ubume bokunikezelwa kwenkonzo**

##### **INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko**

I DCAS ifumene isambuku sezigidi ezi-R4 ukulungiselela ukuyila amathuba omsebenzi ukulungiselela ulutsha kulo nyaka uphantsi kovavanyo njengenxalenyi yeNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP). Amathuba omsebenzi ali-119 asusela kuthelelwano neemyuziyam ezimanyeneyo ngokubhekiselele kophicotho-zincwadi nokufakwa kwikhompyutha kwengqokolela efunyenwe kwimyuziyam ukulungiselela imiyhadala yobugcisa nenkcubeko efana neAbsa Klein Karoo NasionaleKunstefees (KKNK).

linkqubo ezinikezelwa licandelo lobugcisa nenkcubeko leDCAS zinceda ekwakheni imibutho nokuxhasa amagcisa ekunikezeleni ngomsebenzi ovuselelalo nokunikezelwa kwimisitho ekumgangatho wehlabathi ethi ikhuthaze ukuthatyathwa kwenxaxheba kuwo onke amacandelo obugcisa. Icandelo liphumelele ukuthobela kumacandelo angasezantsi iinkqubo kunye neenkqubo zokumilisela ngentsebenziswano esondeleyo noomasipala kunye nobuchule bobugcisa neziseko zenkcubeko.

Uphuhliso oluqaqbileyo IweYuniti yeLifa leMveli kunya wama-2012/13 ibe kukuqunkelwa koqulunqo Iwesivumelwanoskokuthotyelwa kwamagunya kwiSixeko saseKapa. ILifa leMveli leNtshona Koloni likwabhenzege iSixeko njengesifanelekileyo ukulawula izibonelelo zelifa lemveli eziphantsi kolawulo Iwaso. Eli Candelo, nelithe latsala nzima iminyaka emininzi ngabasebenzi abambalwa ukwenza imisebenzi yayo engundoqo, ngoku linexesha elininzi nesithuba ukuze ukwazi ukunika ingqwalasela kwimimandla ethe ayakhathelwa, umzekelo, amaphulo olwazi olondolozo Iwelifa lemveli.

INkonzo zoLwimi zimilisele iiprojekti ezininzi ukulungiselela ukwandisa umiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni yaye iqhubekile ukunikezelwa ngeenkonzo zokuguqulela, zokuhlela nezokutolika kumasebe oRhulumente weNtshona Koloni. Ingxaki esoloko ikho ixesa elide kweli candela ibe bubunzima kukuguqulelwla kwezicatshulwa zowiso-mthetho kwisiBhulu nesiXhosa. Izicatshulwa ezinjalo zisoloko ziqeshelwa abaguquleli abazimeleyo abangamagcisa. I DCAS iyawuqwalasela lo mba ngokuphuhlisa izifundo zoqequeso neendibano zengxoxo ukwakha ikhono lamagcisa olwimi eWCG ukulungiselela ukuba benze lo msebenzi ngokufanelekileyo.

##### **INkqubo 3: INkonzo yamaThala eeNcwadi noLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo**

Kwisithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo, INkonzo yeThala leNcwadi yandise inani leendawo zenkonzo yethala lencwadi kwiNtshona Koloni ukususela kuma-343 ukuya kuma-347.

INkqubo yeNkxaso-mali yokuTshintsha kaMasipala iqhubekile ngokunikezelwa oomasipala abakwiCandelo B3 [abasesichengeni] kwiphondo ngenkxaso yemali ukuhlawula iindleko ngokubhekiselele ekunikezeleni ngeenkonzo zethala leencwadi zoluntu. Isambuku se-R43 403 000 sakutshelwayo kwaba masipala. Eli linge lanika ingqwalasela engaphelelanga kumthwalo wemali kamasipala onesigunyaziso sethala leencwadi zoluntu ezingaxhaswa ngemali, yaye isebezela ukuzinzisa ukulunga kweenkonzo zethala leencwadi loluntu kwiNtshona Koloni iphela.

Isibonelelo-mali esinemiqathango esisambuku esingama-R46 914 666 sakutshelwa umsebenzi wethala leencwadi. Isambuku esizigidi ezisi-R8 sesi sambuku sabelwa ulwakhwiw Iwamathala eencwadi amatsha ambalwa – izigidi ezi-R2 kumasipala waseLangeberg ukulungiselela ukuqalisa iprojekti yokwakha eNkqubela, ze izigidi ezi-R6 kuMasipala waseMosselBay ukulungiselela ukuqalisa iprojekti KwaNonqaba.

INkonzo yeThala leNcwadi leNtshona Koloni yanikwa uxanduva lokukhokhela uphando kwilizwe ngokubanzis ngesigunyaziso sethala lencwadi elingaxhaswangamali. ICandelo leSizwe loLawulo-mali lisabele kokufunyenweyo ngokubhengeza into yokokuba iminikelo yoxhomekeko iya kwandisa kakhulu ukususela kunya-mali wama-2014/ 15.

INkqubo yoLawulo IweeRekhodi ekwikhompyutha eyiOpenText yamiliselwa kooVimba, encede abasebenzi ukuba banikele ngenkonzo engcono kubathengi. INkonzo yooVimba ngokunjalo iqualise inkqubo yokuthengwa kwesisingasingi ngaphezulu esisodwa ukulungiselela ugcino oluphuculweyo nelungelo lokufumana amaxwebhu oovimba.

IKomiti yeNgcebiso yooVimba eya kuthi icebise uMEC kwimiba enxulumene novimba nolawulo Iweerekodi yatyunjwa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

#### **INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo**

IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo samiliselwa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Isicwangciso sithi thaca indlela emaylandelwe elungiselelw imidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika de kube ngunyaka wama-20120. Unyaka wama-2012/13 wanikezelwa kwimidlalo yezikolo, eyafikelela kwiNgcungela zeZikolo zeSizwe zoMzantsi Afrika ePitoli ngoDisemba wama-2012.

INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba nguWonke-wonke iSiyadlala ngumnikelo woxhomekeko olungiselelw imidlalo nolonwabo ethi incede icandelo loLonwabo leDCAS ukulungiselela ukumiliselwa kwenkqubo yayo. Abantu abangachanatywanga kumathuba olonwabo alungileyo baba sesichengeni kakhulu ekubeni babe nokungenela ulwaphulo-mthetho, iziyobisi nokuba kumaqela emigulukudu. Ngokubonelela abantwana nolutsha ngokuchanaty kumathuba olonwabo, inkqubo ijolise ekubaxhaseni ukuze babe nokukuqonda ukubalulela nezibonelelo zempilo zexesha elide zakubandakanyeka kwimisebenzi yolonwabo.

INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba nguWonke-wonke yeZikolo, exhaswa ngemali ngomnikelo woxhomekeko, incede icandelo leMidlalo yeZikolo leDCAS ukuba limisele inkqubo yalo. Abantwana abangenawo amathuba okungenela imidlalo basesichengeni sokuphelelw kukuzithemba nempilo embi. INkqubo yesikolo ineda abantwana ukuba bafumane amakhono omzimba nokusebenza kwinqanaba eliphezulu kunokokuba bekuya kuba njalo. INkqubo ichonga iimbaleki ezinetalente ze izinikezele ngamathuba awongezelelweyo okupuhlisa amakhono azo. Abona banika ithemba laba bantwana banakho, ngenkxaso efanelekileyo, ukwakha ikhono lomsebenzi kwimidlalo, ngoko befezekisa ikhono labo lezemidlalo.

Kukho imfuneko enkulu yokuphucula amathuba kwimidlalo eNtshona Koloni. Ngokubanzi, imibutho emanyeneyo neeklabhu zidinga uncedo lokuyila ilungelo lokufumana amathuba ukulungiselela abadlali bazo. IDCAS inikezelza ngenkxaso kwimibutho emanyeneyo neeklabhu ngokusetyenziswa kwengxowa-mali yomnikelo. INkqubo yoPhuhliso IweKlabhu, exhaswa ngemali ngokusetyenziswa komnikelo woxhomekelo, ngomnye umthombo obalulekileyo wenkxaso ukulungiselela ukuphuculwa kwelungelo lokufumana amathuba emidlalo nolonwabo.

I-DCAS ifumene amaggabantshintshi amaninzi ancomayo ngendlela ephucule ngayo uququzelelo Iwengxowa-mali yemibutho yezemidlalo emanyeneyo kulo nyaka uphantsi kovavanyo. ISebe lisebensisane nabo bonke oomasipala abngama-30 beNtshona Koloni, emva kweNdibano yeNgxoxo yeMidlalo noLonwabo loMasipala weNtshona Koloni eyayingethwe eWorcester kweyoKwindal 2012.

ISebe lichithe iR1 400 000 ngowe-2012/13 ukunceda imibutho emanyeneyo yemidlalo ukusingatha imisitho engundoqo kuzo zone iingingqai zeNtshona Koloni.

#### **3.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2013**

ISebe lisigqibile isicwangciso sophuculo lonikezelo lweenkonzo. Le theyibhile ilapha ngezantsi ibonisa isicwangciso sonikezelo lweenkonzo nesele kwensiwe ukuza kuthi ga ngeli lixa kunkwa ingxelo yalo.

#### **linkonzo ezingundoqo kune nemigangatho yenkonzo enikezelweyo**

LiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamleyo kwiNkonzo	Abasenoxhamla kwiNkonzo	Imigangatho yeNkonzo	Okufezekisiwego kuthelekiswa nemigangatho
Ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni	<b>Ngaphandle:</b> Uluntu IweNtshona Koloni <b>Ngaphakathi:</b> Bonke oosozilwimi bamasebe ephondo	Oomasipala Amasebe karhulumente wesizwe Oosozilwimi abazisebenzelayo	lintlanganiso ezi-6 zeForam yolwimi (PLF)	lintlanganiso ezi-6 PLF ezhilangeneyo
			Amasebe ali-14 amelweyo kwiintlanganiso zePLF	Amasebe ali-9 amelwa kwiintlanganiso zePLF
			Amathuba ama-6 ophuhliso lwsigama sikarhulumente	Amathuba ama-6 ophuhliso lwsigama sikarhulumente ekuhlangenwe ngawo
			Isigama samagama amatsha avelayo	Uluhlu lwsigama beluhlaziywa rhoqo

**linkonzo ezingundoqo kune nemigangatho yenkonzo enikezelweyo (Iyaqhube)**

liNkonzo ezingundoqo	Abaxhamleyo kwiNkonzo	Abasenoxhamla kwiNkonzo	Imigangatho yenkonzo	Okufezekisiweyo kuthelekiswa nemigangatho
Amalungiselelo okufikelela kuvimba weenkcukacha ezibalulekileyo kwababhalisiweyo abanamatikiti abaphandi/ amakhadi okungena	Abaphandi noluntu ngokubanzi abasebenzisa ooVimba	Amaqumrhu kaRhulumente eNtshona Koloni kunye neeofisi zamasebe karhulumente wesizwe	I 100% yobhaliso lwazo zonke izicelo ezamkelweyo (izicelo ezitsha nobhaliso Iwezicelo)	Isambuku sabaphandi esili-158 kunye namalungu oluntu abhalisiwe
			Ukuqwaleselwa kobhaliso olwenziwa ngezandla nokukhutshwa kwamatikiti abaphandi/ amakhadi okungena	Ukuqwaleselwa kobhaliso olwenziwa ngezandla nokukhutshwa kwamatikiti abaphandi / amakhadi okungena angama-158 kwenziwe
			I 100% labaphandi namalungu arekhodiwe kwirejistga yekhompyutha	Bonke abaphandi abali-158 namalungu arekhodiwe kwirejista ekwikhompyutha

**Amalungiselelo othethwano nabaxhamli-zinkonzo**

Abaxhamleyo kwinkonz	Abasenokuxhamla kwinkonzo	Okufezekisiweyo kuthelekiswa nemigangatho
<b>Ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni</b>		
<b>Ngaphandle:</b> Uluntu IweNtshona Koloni	Oomasipala Amasebe karhulumente wesizwe Oosozilwimi abazisebenzelayo	lntlanganiso ezi-6 zeForam yoLwimi (PLF) lntlanganiso ezi-6zophuhliso Iwesigama sikarhulumente Kwenziwe uthethwano ngeminxeba nangee-imeyile Imibuzo yemfuna-lwazi ngokuthotyelwa komgaqo- nkqubo weelwimi ithunyelwe kumasebe ephondo emabini Kwenziwe uphando Kwenziwe iingxelo ngamacwego neenkomfa ezibnjiweyo Kwenziwe iintetho
Abaphandi noluntu ngokubanzi olusebenzisa uvimba weenkcukacha ezibalulekuileyo	Amaqumrhu karhulumente aseNtshona Koloni neeofisi zikarhulumente wesizwe ezikweli phondo	Uluhlu Iwemibuzo lokunikezelwa kwenkonzo lwakhutshelwa Iwanikezelwa kubathengi, kodwa aluzange luthunyelwe nge-imeyile. Isambuku soluhlu Iwemibuzo olu-117 Iwaqukunjelwas yaye ungeniso oluli-158 Iwenziwa kwirejista yokunikeza ngeependulo. Uluhlu Iwemibuzo luya kuphuhliswa

## Iqhinga lokufikelela kunikezelo lwenkonzo

Iqhinga lokufikelela	Okufezekisiwego okukuko
<b>Ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni</b>	
Isibonelelo soguqulelo neenkonzo zenkxaso zokutolika ukuququzelela ilungelo lokufumana ingcaciso karhulumente elungiselelw uluntu IweNtshona Koloni	Zonke izicelo ezamkelwego zoguqulelo neenkonzo zenkxaso yokutolika zibe nokuqwalaselwa ngempumelelo
<b>Amalungiselelo okufikelela kuvimba weenkukacha ezibalulekileyo kwababhalisiwego abanamatikiti abaphandi/amakhadi okungena</b>	
Ukfumana nokugcina iirekhodi ezinexabiso ukulungiselela ukuququzelela ukufumana ingcaciso	Zonke izicelo zokubhaliswa njengomphandi zamkelwa ze amatikiti akhutshwa

## Indlela yokufumana iinkukacha zonikezelo lweenkonzo

Indlela ezahlukaneyo zoniko-nkukacha	Okufezekisiwego okukuko
<b>Ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weelwimi IweNtshona Koloni</b>	
lntlanganiso ezi-6 zePLF	Kubanjwe iintlanganiso ezi-6 zePLF
lntlanganiso ezi-6 zesigama sikarhulumente	Kubanjwe iintlanganiso ezi-6 zesigama sikarhulumente
Uthethwano nge-imayile nangomnxeba	Kuthethwene nababandakanyekayo nge-imayile nangomnxeba
Imibuzo yemfuna-lwazi	Kuyilwe imibuzo yemfuna-lwazi malunga nokuthotyelwa komgaqo weelwimi kumasebe amabini
Uphando	Kwenziwe uphando kumasebe amabini malunga nokuthotyelwa komgaqo weelwimi
Iwebhusayithi yesebe	Kuthunyelwe iinkukacha ezintsha kwiwebhusayithi yesebe
lingxelo ngamacwego neenkomfa	Kwenziwe iingxelo ngamacwego neenkomfa ezibanjiwego
Cape Gateway	Iwebhusayithi yeCape Gateway ibakhomba kwiwebhusayithi yeDCAS ngokuabantu
Unikelo-ntetho	Kwenziwe unikelo-ntetho izihlanndo ezahlukaneyo
Ingxelo yonyaka	linkukacha zinikwe kwiNgxelo yeDCAS nakweyeWCLC
Amanqaku eentlanganiso	Ababandakanyekayo bathunyelelw amanqaku eentlanganiso
Upapasho	lingxelo zipapashiwe
<b>Amalungiselelo okufikelela kuvimba weenkukacha ezibalulekileyo kwababhalisiwego abanamatikiti abaphandi/amakhadi okungena</b>	
Ukuthunyelwa kweengxelo zonyaka	Akukhu zingxelo zithunyelwego njengoko zifumaneka kwiwebhusayithi yeDCAS
Ukuthunyelwa kwemigaqo-nkqubo, izaziso, imigqaliselo, imithetho kwababandakanyekayo nge-imayile	Ababandakanyekayo bathunyelelw izaziso nge-imayile malunga nokubulawa kwezinambuzane, ngamaxeshya okuvalela imibhiyozo yeyoMnga, iintetha ngelixa lesidlo sasemini, ngeVeki yoLondolozo IweNkukacha eziBalulekileyo, ngotyumbo IweKomiti yeeNgcebiso yoLondolozo IweNkukacha eziBalulekileyo.

## Indlela yezikhala

Indlela yezikhala	Okufezekisiwego Okukuko
<b>Ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weewimi lweNtshona Koloni</b>	
IKomiti yeeLwimi yeNtshona koloni	Akukho zikhala zisesikwei zifunyenwego
IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika	Akukho zikhala zisesikwei zifunyenwego
UMgaqo wokuPhathwa kweeLwimi ngabasebenzi bakarhulumente	Akukho zikhala zisesikwei zifunyenwego
<b>Amalungiselelo okufikelela kuvimba weenkukacha ezibalulekileyo kwababhalisiwego abanamatikili abaphandi/amakhadi okungena</b>	
Imibuzo yemfuna-lwazi ngonikezeloo lweenkonzo	Kuyilwe imibuzo yemfuna-lwazi ngonikezeloo lweenkonzo ze yathunyelwa kwabachaphazelekayo
Uqhakamshelwano nabaphathi abaphezulu	linkukacha zoqhakamshelwano nabaphathi abaphezulu ziya fumaneka kwaye abaxhamli bayakhuthazwa ukuba bazisebenzise xa kukho imfuneko. Kufunyenwe izikhala ezimbala za zathathelwa ingqalelo ngokukhawuleza.
Irejista yeengxelo	Kufunyenwe izikhala ezisikweni ezimbala za zathathelwa ingqalelo ngokukhawuleza.
ibhokisi yeengcebiso	Abaxhamli benkonzo bakhuthazwa ukuba basebenzise ibhokisi yengcebiso
Irejistayempendulo	Kuye kwafunyanwa izikhala ezimbala zaze zahoywa ngokukhawuleza

### 3.3. Isimo sesebe

#### INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Ibango leenkqubo zobugcisa nenkcubeko nezibonelelo lingaphezulu kakhlulu kunokuba icandelo lingazinikezela. Oku kubangele ucwangciso olulungelewanisiwego olunemiphumela ecacileyo zozinziso lweenzame ezikhoyo ukuqinisekisa ngomlinganiseloo olungileyo wempumelelo. Icandelo ligunyazise uvavanyo lweQhinga loPhuhlis oIweNdidi zezenkcubeko ukulungiselelo into yokokuba ucwangciso nokwenziwa komsebenzi kusala kufanelekile yaye kuhambelana nokuguquka kwentlalo. Oku kuya kunceda ngokuqinisekisa ngento yokokuba amathuba ayanikezelwa kumagcisa aphume kuzo zonke iimvelaphi namacandelo ukuwalungiselela ukuba afikelele kwikhono lawo lokuyila.

Inkonzo yolondolozo lwembali yalahlekelwa nguSekela-mlawuli wayo kune noMncedisi-mlawuli weenkonzo zeNkxaso kulo nyaka kunikwa ingxelo yavo, into eyabangela umngeni kulawulo. Amagosa amabini athe athathwa kwenye indawo ukuza kuncedisa kwezi zithuba ngeli thuba inkqubo yokufunwa kwabasebenzi isaqhutywa.

Ulwamkelo lobume obutsha obuncinane besebe abubandakanya ubume obuncinane obulungiselelwicandelo loLawulo IweZibonelelo zaBasebenzi beLifa leMveli njengovavanyo olunqamlezayo phakathi kweSebe leNkonzo yaBasebenzi noLawulo (DPSA) kune noorhulumente bephondo lukhokhelele kuphando lovavanyo lomsebenzi.

Injongo yenqutyanana kunkunikezela ngenkxaso yobuchule nolawulo kwiLifa leMveli leNtshona Koloni, icandelo likarhulumente eliphantsi kolawulo IweDCAS. Ukufumana iinkukacha ngokubhekiselele kwimisebenzi yeli candeloo, abafundi bakhonjiswa kwiNgxelo yoNyaka yeHWC.

IiNkonzo zoLwimi ziqaqhubeka zifumana inani elikhulu lamagacisa olwimi anobuchule kuguqulelo, uhlelo, ukutolika nokuqwalasela iziphene kwisithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo. Ngaphandle nje kokuvela kwala manani, icandelo libe nakho ukufezekisa isigunyaziso salo ngokuqesha abasebenzi bethutyana ze lasebenzia abanikezeloo benkonzo abazisebenzelayo.

#### INkqubo 3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo IweenNkcukacha eziBalulekileyo

Ukwehla kwezinga lokufunyanwa koosomathala eenewasi abanezakhono, abalondolozi-nkcukacha ezibalulekileyo nabala wuli beerekodi namanganaba emivuso engatsali-mdla kuqhubelele kunika ifuthe elibi ekufunyanweni kwabasebenzi abanobugcisa nabafanelekileyo kwizithuba ezithile ezingundoqo kwiCandelo ngowama-2012/13.

Uphando ngesimo sesebe nezithuba kwiCadelo leSibonelelo-mali esineMiqathango neleNgxowa-mali yeNkxaso yooMasipala luqunkunjelwe. Kusekwe icandelo elitsha elaziwa njengeeNkonzo zeNkxaso yooMasipala. Eli candeloo liya kuqulatha amacandelo amabini, angala, iNgxowa-mali kaMasipala kune noLwandiso IwamaThala eeNcwadi oLuntu.

#### INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo

Imingeni kwiNkqubo 4 kwesi sithuba siphantsi kovavanyo ibe yile ilandelayo:

- Ukusetyenziswa kweendawo ngokusekelwe kwimida yeemanyano zemidlalo; kune

- Neemfuno zezixhobo kanye nentengo ngokupheleleyo ekufuneka yensiwe ngokusetyenzisa kwethenda enqamlezayo yesizwe.

Nangona kunjalo, iMidlalo noLonwabo ibe nakho ukufezekisa impumelelo kwisigunyaziso sayo, ibandakanye:

- Ukusingatha iinkampu ezine zolutsha ukulungiselela ulutsha oluvela kulo lonke iphondo;
- Iphelele ekubeni liphume isibini kwiSA National Schools Championships;
- Ukusekwa kweSchool Sport Joint Provincial Task Team; kanye
- Nokusekwa kwamaziko amabini engingqi emidlalo.

### **3.4 Uphuhliso olungundoqo lomgaqo-nkqubo neenguqu zomthetho**

#### **INkqubo 1: ULawulo**

Isikhokelo esihloniyelweyo seCandelo loLawulo-mali leSizwe esingokunikwa kwengxelo yemathiriyeli yethala leencwadi njengempahla sakutshwa ngoMatshi wama-Matshi wama-2012 ukulungiselela umiliselo ngamasebe afanelekileyo ukususela ngomhla woku-1 kuEpreli 2012. Inguqu kwisicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo idinga ukuba iDCAS iphuhlise umgaqo-nkqubo neenkqubo zolawulo lwempahla ukuqinisekisa ngohambelwano kanye nesicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo. Isicwangciso-nkqubo esitsha sokunikwa kwengxelo sibe nefuthe kakhulu kubume bendlela yokusebenza kweeNkqubo zeThala leeNcwadi ngenxa yento yokuba kufuneka siguque indlela yaso ukulungiselela ukulawula ukuqhube ka komsebenzi wemathiriyeli yethala leencwadi kuyo yonke inkqubo ukususela ekuthengweni kwayo ukuya kulwahlulo lwayo.

#### **INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko**

Amaziko olondolozo lwembali akurhulumente wephondo alawulwa yiMuseum Ordinance, 1975. Umsebenzi woqulunqo loMthetho oYilwayo wamaZiko oLondolozo IweMbali weNtshona Koloni ngokusekelwe kuMgaqo-nkqubo waLondolozo IweMbali uqalile.

Kulo nyaka klinikwa ngxelo yaho inani lemigaqo-nkqubo neenkqubo zaphuhlisa egameni leLifa leMveli leNtshona Koloni. Ingxelo enenkcukacha ngalo mba ufumaneka kwiNgxelo yoNyaka yeHWC yowama-2012/13. Ukusetyenzisa koMthetho weelwimi eziseSikweni, wama-2012 unyanzelisa ukuva naliphi na isebe lesizwe, icandelo likarhulumente lesizwe kanye namashishini karhulumente esizwe ukuba ayile umgaqo-nkqubo obonisa indlela aya kunikeyela ngayo inkonzo kwiilwimi ezintathu ezisesikweni; ubonise indlela oya kuqwalasela ngayo abantu abathetha iilwimi ezisesikweni ezingezizo iilwimi ezikhethwe kumgaqo-nkqubo kanye noLwimi oluthethwa ngeMinwe loMzantsi Afrika; nokuseka iyunithi yowlimi okanye ukuqesha igosa eliphezelu ukulungiselela ukumilisela komgaqo-nkqubo. Impembelelo yalo mthetho wesizwe kumba wokusetyezisa kweelwimi ezisesikweni kwiphondo iya kuthanda ukucaca kulo nyaka-mali.

#### **INkqubo 3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo IweNkcukacha eziBalulekileyo**

UMthetho oYilwayo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi kaRhulumente neNgaciso woMzantsi Afrika usephantsi kweengxoxo kulo nyaka klinikwa ingxelo yaho. Umgaqo-nkqubo omalunga nolawulo nokufunyanwa kweerekodi ezingezizo ezoluntu wamkelwa ngeli thuba umgaqo-nkqubo oyilwayo ongokufakwa kwengcaciso kwikhompyutha wawusele uququnjelwe.

#### **INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo**

IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo, esithi sibe yinxalenye yesiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP), ineda ekulungelelaniseni unikezelo nekamva lemidlalo eMzantsi Afrika. INkqubo yeZiko le MOD yeDCAS ithiwe thaca njengenye yeeprojekti ezine eziyilwayo zomiliselo zeNDP. Izigunyaziso eziqwälaselwa yinkqubo yeMOD zitolika okungundoqo okunxulunyaniswego okuthandathu kweNDP ngale ndlela ilandelayo:

- Ihlanganisa abantu phantsi kwenqubo efanayo;
- Ixhasa ukufakwa kwabantu emisebenzini;
- Ixhasa ukufakwa kwabantu emisebenzini;
- Inika ingqwalasela kumakhono angundoqo abantu;
- Yakha urhulumente onekhono nophuhlayo; yaye
- Ikhuthaza ubunkokheli obomeleleyo.

### **4 IINJONGO ZEQHINGA LOKUSEBENZA EZIJOLISE KWIZIPHUMO**

<b>INjongo yeQhinga 1</b>	Inkonzo yolawulo esebebenzayo nefanelekileyo nenoqoqosho
<b>INjongo yeQhinga 2</b>	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuguqula yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele kulwakhiwo lwasizwe, ulawulo olulungileyo, uphuhliso Iwendlalo nabantu; nokunikeyela ngokubhekiselele kukukhula koqoqosho oluzinzileyo namathuba.
<b>INjongo yeQhinga 3</b>	Ukuphuhlisa, ukuguqulwa nokukhuthazwa kweenkonzo ezizinzileyo zethala leencwadi, ingcaciso nooVimba
<b>INjongo yeQhinga 4</b>	Ukuqaliswa nokuxhaswa kwamacandelo nemisebenzi yentlalo ebandakanyayo yemidlalo nolonwabo,

Ngokusetyenzisa kwale nkqubo yobugcisa nenkcubeko, iDCAS imilisele nzulu imbonakalo yayo kwiingqiqi zasemaphandleni yaye abasebenzi lucandelo benze ifuthe kokungundoqo kweQhinga kweSebe kwiSithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Uthelelwano olunentsingiselo Iwaqaliswa kanye noluhlu lweMinye imibutho ethe yaququzelela yaze yandisa iphulo lokufikelela kweDCAS kwiingqiqi zoluntu. I DCAS imilisele isigunyaziso sayo ngokubhekiselele kuMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni ngokuqinisekisa ngento yokuba iinkqubo zayo

ziqhubela phambili ukuthethwa kweelwimi ezininzi nokufunyanwa koLwimi IweMinwe.

INkonzo yeThala leeNcwadi noVimba ithe gqolo ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi, ingcaciso novimba ngowama-2012/13. INkonzo yeThala leeNcwadi landise inani leendawo zokunikezelwa kwenkonzo laya kutsho kuma-347 yaye iNkonzo yoVimba iqhubekile ngokunikela ngeenkonzo zolawulo ezilungileyo zovimba neerekhodi.

IMidlalo noLonwabo ithe gqolo ukunikezela ngenkxaso kumacandelo emidlalo nolonwabo, kwimisebenzi nemisitho. Unxibelelwano kune namabhunga emidlalo amahlanu kuye neembumba zemidlalo ezili-110 luqinisekise ngento yokokuba imisebenzi yentlalo ebandakanyayo yemidlalo nolonwabo ithe gqolo ukukhulisa. Uthatyatho Iwenxaxheba sisinanzi IweDCAS, inkqubo zophuhliso zemidlalo yezikolo lunikezele kwimiba eyahluke-neyo yemiphumela yesizwe ecwangcisiweyo ngokubhekiselele kwimidlalo nolonwabo.

## 5 INGCACISO YOKWENZIWA KOMSEBENZI NGOKWENKQUBO

### 5.1 Inkqubo 1: ULawulo

**Injongo:** Ukuqhube ulawulo olupheleleyo nenkxaso yolawulo yeSebe.

#### Uhlahlelo ngokwenkqutyanan

##### INkqutyanan 1.1: IOfisi kaMEC

Ukunikezela ngolawulo, unxibelelwana nomthengi neenkonzo zeenkxaso kuMEC.

##### INkqutyanan 1.2: iINkonzo zoLawulo IwezeMali

Ukunikezela ngenkonzo epheleleyo yenkxaso yezimali kwiSebe ebandakanya iinkonzo zolawulo Iwemali kumacandelo karhulumente.

##### INkqutyanan 1.3: iINkonzo zoLawulo

Ukunikezela ngomsebenzi wenkxaso yolawulo kwiNtloko yeSebe ngokubonelela ngenkonzo esebezayao yonxibelelwano; ngokubonelela ngenkonzo yenkxaso yeqhinga neyendlela yokusebenza ethi ibandakanye inkonzo yokubekwa kweliso novavanyo; imilisele amalinge okuphuculwa konikezelo Iwenkonzo; nokwenza isibonelelo seemfuno zogcino hendawo yokuhlala esifikelekayo kuhlahlo Iwabiwo-mali.

#### **linjongo zeqhinga lokusebenza, imiqondiso yendlela yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kune nokufezekisiweyo okukuko**

##### linjongo zeqhinga

- Ukubonelela ngenkxaso yoomabhalane, yezibonelelo, ulawulo/iofisi nonxulumano Iwepalamente;
- UKumilisela iNkqubo esebezayao yoPhuculo loLawulo IweMali; kune
- Nokulawula nokuguqula imigaqo-nkqubo nokuphambili kube ngamaqhingga kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

INkqubo 1: ULawulo					
liNjongo zeQhinga	Okufezekisi-weyo okukuko 2011/2012	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Iyantlukwano yokujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo kube kokufezekisiweyo okukuko 2012/2013	Amagqaba-ntshintshi ngeyanntlukwano
Ukubonelela ngenkxaso yoombahalane, yezibonelelo, ulawulo/lofisi nonxulumano lwepalamente	-	2	2	-	-
Ukumilisela iNkqubo esebebenzayo yoPhuculo loLawulo lweMali	Ukugcina isicwangciso soxhobiso ukulungiselela abasebenzi bezemali	Uvavanyo nokugcinwa isicwangciso soxhobiso sabasebenzi bezemali	1	-	-
Nokulawula nokuguqula imigaqo-nkqubo nokuphambili kube ngamaqhingga kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	9	16	16	-	-

#### Imiqondiso yokwenziwa komsebenzi

INkqutyana 1.1: I Ofisi kaMEC					
liNjongo zeQhinga	Okufezekisi-weyo okukuko 2011/2012	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Iyantlukwano yokujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo kube kokufezekisiweyo okukuko 2012/2013	Amagqabantshintshi ngeyanntlukwano
UPhuhliso nomiliselo lwefayile yesicwangciso ukulungiselela iofisi yoMphathi	-	Uyilo 1 lwefayile yesicwangciso lwaphuhliswa	1	-	-
Ukuphuhlisa amaxwebhu enkqubo yenkundla ukulungelelanisa nokuququzelela izibheno eziza kuMEC ngoku-hambelana neCandelo 49 loMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, we-1999(uMthetho 25 we-1999)	-	Uxwebhu olu-1 lwenkqubo yeNkundla lwaphuhliswa lwamiliselwa	1	-	-

### INkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo lwezeMali

liNjongo zeQhinga	Okufezekisi-weyo okukuko 2011/2012	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Iyantlukwano yokujoliswe kuko okuc-wangcisi-weyo kube kokufezekisiweyo okukuko 2012/2013	Amagqbantshintshi ngeyanlukwano
Uphuhliso/umiliselo/nokulondolozwa kwasicwangcisonqubo soxhobiso sabasebenzi bezemali	-	Lwavavanywa lwagcinwa	1	-	-

### INkqutyana 1.3:liNkonzo zoLawulo

liNjongo zeQhinga	Okufezekisi-weyo okukuko 2011/2012	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Ekujoliswe kuko okuc-wangcisiweyo 2012/2013	Iyantlukwano yokujoliswe kuko okuc-wangcisi-weyo kube kokufezekisiweyo okukuko 2012/2013	Amagqbantshintshi ngeyanlukwano
Ukumiliselwa kwemisebenzi yokunikezelwa kwenkonzo okuhambelana neBatho Pele	6	2	2	-	-
Inani leemvavanyo eziqhutiyewo (ezinxulumene nokubekwa kweliso novavanyo)	3	2	2	-	-
Inani lezicwangciso zonxibelelwano ezipphuhlisiweyo zamiliselwa	-	12	12	-	-

### Iqhinga lokuphelisa ukungenziwa komsebenzi kakuhle

INkqubo 1 ifezekise konke ebijolise kuko njengoko kuthiwe thaca kwisiCwangciso soNyaka seNdlela yokuSebenza ekuqalen konyaka-mali.

### linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho zinguqu kobe kujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunyaaka ophansi kovavanyo

### INkqutyana yenkcitho

Igama leN-kqutyana	2012/2013			2011/2012		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo	(Engaph-ezulu)/ Engaphantsi Inkcitho	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo	(Engaph-ezulu)/ Engaphantsi Inkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I Ofisi kaMEC	5 540	5 540	-	4 709	4 694	15
liNkonzo zoLawulo lweMali	20 088	20 084	4	18 874	18 873	1
liNkonzo zoLawulo	14 266	13 992	274	13 006	12 674	332
<b>IYonke</b>	<b>39 894</b>	<b>39 616</b>	<b>278</b>	<b>36 589</b>	<b>36 241</b>	<b>348</b>

## 5.2 INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

**Injongo:** Ukunikezela ngobugcisa nenkcubeko, amaziko olondolozo lwembali, ilifa lemveli neenkonzo ezinxulumene nolwimi kubahlali beNtshona Koloni.

## **Uhlahlelo ngokwenkqutyanā**

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukunikezela ngenkxaso yeqhinga lolawulo kwicandelo eliyintloko lemicimbi yenkcubeko.

## INkqutyana 2.2: Ubugcisa neNkcubeko

Ukuququzelela uphuhliso, ulolongo nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusetyenziswa koyilo lwamacandelo asebenzayo navuseelayo obugcisa nenkcubeko, imisebenzi nobume; nokuxhasa nokunceda iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukumilisela izigunyaziso zayo zomthetho.

## INkqutya 2.3: liNkonzo zoLondolozo lweMbali

Ukukhuthaza nokulondoloza ilifa lemveli ngeenkonzo zemyuziyam nemibutho; ukunikezela ukulungiselela ulondolozo, ukukhuthaza nophuhliso lwenkcubeko nelifa lemveli; nokunceda ngaphezulu amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo ngokusebenzisa iMuseum Ordinance, 1975 (Cape Province).

INkqutya 2.4: iNkonzo zeziBonelelo zeLifa leMveli

Ukubonelela ukulungiselela ulondolozo, ukukhuthaza nophuhliso Iwezibonelelo zelifa lemveli; ukuququzelela iinkqubo ezilungiselelw eukubeka emgangathweni omnye okanye iinguqu, apho kuyimfuneko, yamagama eendawo; ukuququzelela imiba enxulumene kwimicimbi yelifa lemveli lehlabathi eNtshona Koloni, nokunceda ngaphezulu ulawulo Iwezibonelelo zelifa lemveli ngokumilisela izigunyaziso zesizwe zoMthetho weBhunga laMagama eeNdawo woMzantsi Afrika, we-1998, uMthetho weLifa leMveli weHlabathi, we-1998 kunye noMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli woMzantsi Afrika, we-1999.

## INkqutyana 2.5: liNkonzo zoLwimi

Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi zonke; kuqwalaselwa ukungalinganiswa kweelwimi kwexesha elidlulileyo; nokupuhulisa ngamandla iilwimi zemveli ebezingakhathalelwu ngaphambili kanye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika.

linjongo zeqhinga, imiqondiso yendlela yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nokufezekisiweyo okukuko

# linjongo zeqhinga

- Ukuqhubela phambili amacandelo obugcisa nemisebenzi yenkcubeko ibe ngamathuba afanelekileyo ukulungiselela iinginqi zoluntu lwaseNtshona Koloni;
  - Ukunikezela ngenkxaso esebebenzayo nefanelekileyo yobuchule nolawulo kumacandelo amathathu karhulumente namasebe angama-29 karhulumente (amaziko olondolozo lwembali) nokubeka iliso nokuvavanya imiphumela yala maziko;
  - Ukuqhubela phambili inguqu yembonakalo yelifa lemveli yeNtshona Koloni ngokunikezela ngeenkonzo ezahlukeneyo ukulungiselela ulondolozo, uphuhliso nokukhuthaza ilifa lemveli leNtshona Koloni ngokusetyenziswa kweenkonzo zemyuziyam ezipanyeneyo kanye namaziko elifa lemveli amanyeneyo;
  - Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi, ukubuyekeza ukungalingani kolwimi kwangaphambili nokukhuthazwa kophuhliso lwelwimi ebezichwethelwe bucala ngaphambili ngokunjalo noLwimi IweMinwe loMzantsi Afrika ngokusetyenziswa: 1) kwenkxaso yomiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni; 2) kwenkxaso yomsebenzi weKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni; 3) kokunikezelwa kweenkonzo zenkxaso yowlimi kurhulumente weNtshona Koloni; yaye
  - Ukukhuthaza imisebenzi enakho ukuthi ibonelele kulwakhiwo lwasizwe nenguqu.

UBugcisa neNkcubeko

Umsebenzi wecandelo lezobugcisa nenkcubeko ukulungiselela unyaka wama-2012/ 2013 waqaliswa kwingqikelelo yokokuba ubugcisa nenkcubeko bubanzi kakhulu kunenkazelo yobugcisa. linkqubo zaqaliswa ekunikeni ingqwalasela "kumpfemulo" woluntu, kuhalanganiswa kanye imiba yobomi babantu yomzimba, yentlalo yengqondo neyoqoqosho. Inqqiyo yokokuba ubugcisa nenkcubeko ziyyinxalenyenophuhliso ivuselele inkqubo eghubekayo yokubonakalisa nokuhlahlela okukhokhelwa ziinjongo ezicacileyo zecandelo. Ukufezekisa oku, icandelo ligunyazise uvavanyo ngokutsha leQhinga loPhuhliso lweeNdidi zobugcisa.

Ukunceda icandelo ukuze lifezekise iinjongo zalo ze lifikelele kuluntu ngokubanzi ngezibonelelo ezimbalwa, intsebenziswano nothelelwano lube ngumba obalulekileyo lwavo onke amacandelo omsebenzi. Inkqubo yophuhliso lwedrama yeDCAS isebezen kwisithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo kwizithili ezibini - iWest Coast neEden. Inkqubo ithe yakhula ngewonga kune neBaxter Theatre kune noomasipala ababe yinxalenye yomiliselo lwayo nempumelelo. Ukubhalwa kwemidlalo yeqonga, ukuqequeswa kwelizwi kune namanye amangenelo awahlukeneyo aququzelela uphuhliso lwedrama yolutsha de kufikelelwe kwinqanaba lokokuba abathathi-nxaxheba badlale kuMyhadala weZabalaza, iDie Burger Suidoosterfees ngokunjalo neAbsa KKNK. Abadlali abaphambili banikwa ithuba lokufumana amava okuba kumdlalo kune nabanye begela labadlali bondoniso womabonakude u7deLaan ze babonakala bedlala kwisiqendu ngomhla we-18 kuEpreli wama-2013. Owafumana ibhalo lokuba ngumdlali ogqvesileyo wenqubo yonyaka ongaphambili, nguWilliam Michaels, ukususela ngoko ungmldali kwimiboniso kamabonakude eyahlukeneyo kwiKyknet ngokunjalo nemiboniso yefilm eyenziwe kwingingqi. Uyilo olungcono lwanekelwa ngokwakaloku nje yiBaxter Theatre ukulungiselela iinkqubo zophuhliso zayo zasemaphandleni.

Intsebenziswano noomasipala kune namagcisa anobuchule kwintloba ngeentloba zobugcisa iququzelele ukungena kweenkampani ezinobuchule kwiinginqi zoluntu zasemaphandleni kwisithili seCape Winelands District, aphi zincedisa ngokuvala iyantlkwano kwidolophu namaphandle. Umboiso owabanjelwa eAshton ngomhla wama-20 kuOktobha 2012 yayingowokuqala olungiselelwe idolophu yasemaphandleni. ICape Town City Ballet, iCape Town Opera, iBaxter Theatre, iZip Zap Circus, iDance for All, iWestern Cape Choral Music Association, iCollege of Magic ngokunjalo neJazzart zaqhuba imiboniso nemiculu kwindawo enye. Oku kulungiselele uququzelelo lokuhlanganisa imibutho enezibonelelo kune naleyo mibutho inezibonelelo ezinqongopheleyo, incede imibutho yasemaphandleni, nokunikezela ngethuba lokungena kweenkampani zasezidolphini ukuba zibe nemiboniso kwiinginqi zoluntu zasemaphandleni.

IVeki yoBugcisa iqhubeka eSaldanha kwisithuba seveki ukususela kumhla woku-1 ukuya kowe-5 kuOktobha ngowama-2012. Lo msitho uqaqambise ikhono lobugcisa njengesixhobo esilungiselelwe ukuhlangana kwentlalo nokwakha iinginqi zoluntu. Iphumelele ekuyileni uqhagamshelwano lwenibutho nabantu ababengazange basebenze kune ngaphambili. Le veki ibonise into yokokuba amakhono nolwazi alufunyanwa kuphela kwiindibano zengxoxo nakuqequesho, kodwa ngokunjalo ngonxibelelwanu nokwabelana ngeembono namava ngokuseyenziswa kwamabali.

I-CD yeKiti yoQequesho ngoMhobe weSizwe iphehlelelwe ngokusesikweni ukunika inkxaso kwimisitho yoqequesho eya kuqalisa ngonyaka-mali wama-2013/14. Iqondo elandisiweyo lomdla nolwazi libe ngunozala wesicelo esivela kubamel iabahlukeneyo boluntu sokusekwa kweqela lonxibelelwanu ukuququzelela unxibelelwanu phakathi komasipala norhulumente ngokunjalo nomanyano olwandileyo lobugcisa.

Inkqubo yophuhliso lomculo lube ngunobangela wokukhula koqequesho lomculo kumanqanaba awahlukeneyo. Inkqubo ekwaLanga iyaqhube ngentsebenziswano neCape Town Opera. Apha ulutsha lufundiswa ikhono lokufunda umculo nokudlala iindidi ezahlukeneyo zezihobo zomculo, kubandakanywa nevayolini.

Isebe lisaghubeika lihlola iindlela ezintsha zomculo. Linxibelelene nabantu abakushishino lwezihobo zomculo ze-elektroniki ukufumana ingqiqo yendlala iDCAS enganakho ngayo ukunxibelelana nabo kupuhliso lweenqubo zalo nokuchanaba ulutsha kolu hlobo lobugcisa bokuzibonakalisa.

Ngosuku loLutsha ngoJuni 2012 izifundo kune nemvumi yaseFransi ebe iyinxalenye yeFrench Season eKapa eyaqhubeka eArtscape. Oku kwanika ulutsha lwenginqi ithuba lokuthelekisa iitalente zalo kune namagcisa anamava okudlala umculo kwiinginqnya zamanye amazwe. Inkxaso-mali yonyaka namanqanaba awahlukeneyo oqequesho anikezelwa kumaqela entambula oluntu. Umzekelo, inkxasi kwiStellenzicht Music Project incede eli qela ukuba libe nokuchonga abadlali ukulungiselela iqela labadlali okanye abaculi. Iqela linakho ngoku ukudlala ze lenze ingeniso. Umphumela wenqubo yamaggala omngqungqo yaba ngumzobo omhle eArtscape wabadlala benginqi ababalulekileyo. Incwadana emalunga nomzobo wabadlali uya kundululwa kwisithuba seNyanga yoLutsha ngowama-2013.

Inkqubo yonyaka yenxaso-mali ibonelele ngeminikeloo kwimibutho engama-57. Inkxaso-mali yakhutshelwa ngokunjalo iMinstrel, iiKwayala zeKrismesi namaqela eMalay ukulungiselela imigcobo nokuphiswano lwapo lokuphela konyaka.

linkqubo zobugcisa bokufunda zaququzelelwa kumaZiko eMOD, zaphelela kwisithuba seentsuku ezintathu zembongo kwiziko lenkcubeko eGroot Drakenstein. Oku kuniikezele ulutsha ngethuba lokunxibelelana nokubonga malunga namava alo.

Kubekho ukwanda kwezicelo ezivela kwiinginqi zoluntu zokuququzelela ukusekwa kwezibonelelo zemveli zokwaluswa kwamakhwenkwe njengoko kuncedwa iintsapho kwinkqubo yangaphantsi neyangasemva kolwaluko. IDCAS iququzelele uqequesho lwapoKhankatha neengcibi isebelezeMpilo ukupinisekisa ngeendlea zolwaluko ezikhuselelileyo nezinempilo. Isikhokelo solwaluko seNtshona Koloni sifumaneka ngesiXhosa, ngesiSuthu, ngesiNgesi nangesiBhulu.

Isebe liqiqe ze lamsela iINkqubo zeEPWP ezine kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/ 12 yaye ezi zaqhubekeka ukuya kutsho konyaka ophantsi kovavanyo. Ulutsha lwanekatya kucwangciso lomnyhadala yaye abaxhamli abane beprojekti yeCultural Conversations bafumana uqequesho olusesikweni kwiYunesiti yaseNorth West kulawulo lobugcisa yoluntu. Abamkela amabhaso enkqubo yomculo wesintu eyaziwa njengeMusic and Cultural Conversations babekwa kumaZiko eMOD yaye bafundiswa iinkqubo yemfundo yobugcisa. Inkqubo yolwaluko yeEPWP ibe yimpumelelo emangaliso kwinginqi yasePlettenberg Bay naseKnysna.

Isebe liyabandakanyeka kwiinkqubo ezininzi njengoko ubugcisa butyhutyha yonke imiba yentlalo yethu yaye buyinxaleny e yobomi bethu bentlalo noqoqosho, bukhuthaze ulwakhilo loluntu, ulungelelwaniso Iwentlalo nophuhliso oluzinzileyo. Ngothelelwano oluyimpumelelo nentsebenziswano iDCAS ifezekise ngaphezulu kokuba ibe izibekile ukukwenza. Le ntsebenziswano ibukhulusile ubugcisa kumanqanaba amaninzi nokukhuthaza ulutsha oluninzi ukuze luthabathe inxaxheba ze lubandakanyeka kubugcisa.

### Inkonzo yolondolozo lwembali

Izifezekiso ezithile eziqaphelkayo kwiiNkonzo zeMyuziyam kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo zichazwe apha ngasezantsi.

- Uphando oluqhutywe apha enyakeni liya kukhokhelela kwimiboniso emitsha eOudtshoorn, ePaarl, eStellenbosch naseGeorge.
- Into engummangaliso lukuba kubekho ukwanda noqukuqelo olusoloko luthe gqolo Iwabatyeleli kumaziko olondolozo lwembali.
- Ukuphuculwa nokwandiswa kweMyuziyam iCeres Transport Riders Museum (Togryers Museum) kuya kwangezelela kulwakhilo Iwesizwe, kubandakanyo Iwentlalo nophuhliso loqoqosho kummandla waseWitzenberg. Isicelo sangaphambili esaba yimpumelelo kwiNational Lottery Distribution Trust Fund esisambuku semali esizigidi ezi-R2 sangezelewa ngolwabiwo oluvela kwiDCAS isisixa esingama-R557 000. Isakhiwo siphelele siya kuhlaziwa yaye iziko lemfundo liya kwangezelewa eliya kusetyenziswa ngokunjalo njengeziko lenkomfa.
- Ukusetyenziswa kwabaxhamli beEPWP kube nefuthe eliyinzuso ebonakalayo kunikeyelo Iwenkonzo kumaziko olondolozo lwembali ezininzi. Inkqubo yeEPWP ibandakanya iprojekti aphi kuyo abaqeshwa abangama-21 baqeleshwa ngempumelelo kwizikhokhelo eziphe ngqo zendawo.

### Imboniso

- Umboniso omtsha ohambayo owaziwa njenge "Karoo Kitchen" osekwe kwincwadi yokupheka enegama elinye ebhalwe nguSydda Essop waqaliswa ngokusesikweni kumsitho weCulture Awards ngomhla we-11 kuFebruwari wama-2013. U-MEC weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo uGq. Ivan Meyer wawuvula lo mboniso waze ngokunjalo wawuchaphazela ngokunjalo kwintetho yakhe yohlahlo Iwabiwo-mali.
- Umsebenzi wobugcisa okhethiwego kwingqokelela yeNkonzo yeThala lencwadi uyaboniswa kwiHolo iSayers kwiMyuziyam iGeorge. Wavulwa ngomhla wama-28 kuFebruwari wama-2013 yaye uya kuhlala uboniswa kude kuyo kuphela unyaka wama-2013.
- IMyuziyam iCP Nel eOudtshoorn inoshishino Iweenciniba njengomxholo wayo ophambili yaye ibonisa ubutyebi bendalo nobenkubeko ukususela kwixesha lokukhula kakhulu kweenciniba-neentsiba c1880-1920. IHolo iOstrich kwiMyuziyam iCP Nel yalungiswa yaye umboniso omtsha osigxina obizwa ngokuba yi "Oudtshoorn and Ostriches" wamiselwa.
- Umboniso osigxina obizwa ngokuba yi "The History of the Dutch Reformed Mission Church (VGK) kunye nemballi yedolophu iMoorreesburg" wamiselwa kwiMyuziyam iWheat Industry edolphini.
- Umboniso ohambayo owaziwa njenge "Beaufort West Sites of Memory and Historical Consciousness" wavulwa ngokusesikweni ngomhla wama-21 kuMatshi wama-2013 kwiMyuziyam yaseBeaufort West. Iprojekti yayixhaswa ngemali liBhunga leSizwe leLifa leMveli.
- Umboniso owaziwa ngokuba "SisiKhumbuzo soMzabalazo kwezeMidlalo: uMbono waMalungelo oLuntu", onikezelwe yiMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika kunye neDCAS wavulwa kwiBala leMidlalo leYunivesiti yeNtshona Koloni (UWC) ngomhla wama-20 kuMatshi wama-2013.

### Ukufakwa kumboniso wekhompyutha iprojekti yeLifa leMveli laseRobben Island

I DCAS ikhuthaza ilifa lemveli lezemidlalo ngokuyenza ivuleleke kuluntu. Iprojekti yeLifa leMidlalo yekhompyutha yaseRobben Island yandulula ngokusesikweni kwiYunivesiti yeNtshona Koloni ngomhla wama-20 kuSeptemba wama-2012. Iprojekti izinzame ezihanganyelweyo phakathi kweDCAS, iUWC Interdisciplinary Centre for Sport Science and Development (ICESSD), kunye neZiko leRobben Island Mayibuye.

### UPhuhliso IweMfundu IweNkonzo yoLondolozo IweMbali

Imathiri yemfundo enxulunyaniswe nezfundo zezikolo kunye neenguqu kwikarityhulam yafakwa kwiinkqubo zeDCAS. Abasebenzi bemyuziyam abajongene nemisebenzi yezemfundo banikezelwa ngoqeqesho olufanelekileyo. Ubudlelwane bokusebenza obusondeleleneyo bakhuthazwa kunye neSebe leMfundu leNtshona Koloni yaye, okokuqala, inkonzo yolondolozo lwembali yaqeleshwa ootishala ngendlela yokusebenzisa amaziko olondolozo lwembali njengesongezelelo seklasi nenqubo yokufunda.

Iziko loLondolozo IweMbali iCP Nel, iHout Bay neBartolomeu Dias ngokunjalo noluntu IwaseBeaufort West Iwaxhamla kula mangenelo.

Imigaqo-nkqubo yokuqokelela yaveliswa okanye yavavanywa ze yamiliselwa kuwo onke amaziko olondolozo lwembali angama-28 kunye nezicwangciso zothintelo zolondolozo ngokunjalo nazo zamkelwa kwimyuziyam nganye.

*Uthungelwano IweNkonzo yeZiko loLondolozo IweMbali eKZN kune notyelelo Iwenqubo yotshintshiselwano*

Abathunywa abaphuma kwiNkonzo yoLondolozo IweMbali yaKwaZulu-Natal (KZN) batyelele amaziko olondolozo lwembali zeNtshona Koloni kwisithuba seveki se-13 ukuya kwi-16 kuNovemba wama-2012. Umlawuli woqokelelo weDCAS wapheleka umlawuli woqokelelo waseKZN ukuya kwimyuziyam yaseDrostdy, eWellington nakwewayaseStellenbosch. Umlondolozi weDCAS wakhapha umlondolozi waseKZN ukuya kumaziko olondolozo lwembali aseDrostdy, eSA Fisheries nakwiZiko. Utyelelo Iwaluvuselela yaye kusabelwana ngeembono ezilulutho.

*Iprojekti yeEPWP yophicotho nokufakwa kwikhompyutha kwengqokelela yolondolozo lwembali*

Le projekti ijolise ekuncedeni amaziko olondolozo lwembali ekuqukumbeleni uphicotho Iwengqokelela yazo ngokubonelela ngenxaso yabasebenzi nobuchule, nokuzinceda ngokufaka kwikhompyutha ingqokelela yazo.

Injongo yeEPWP kukusebenzisa uhlahlo Iwabiwo-mali Iwecandelo likarhulumente ukunciphisa intswela-nqesho ngokuthi iyile ingqesho nokuphucula ikhono labantu abakhoyo ukuze bazuze impilo xa beshiya inkqubo, nokokuba kukwimarike yengqesho okanye kushishino okanye kwimisebenzi evelisa ingeniso yentsebenziswano.

abantsha abangamashumi amabini anane abanematriki baqeshwa kumaziko olondolozo lwembali asithoba ukuqukumbela uphicotho ze baqalise ukufaka kwikhompyutha iingqokelela yamaziko olondolozo lwembali, ngeSibonelelo-mali esineMiqathango seEPWP.

Umlawuli woqokelelo unikezele ngoqeqesho kumaziko olondolozo lwembali. Abasebenzi bethutyana bazimasa isifundo sentsuku ezimbini esiyintshayelelo seWCG esingolawulo Iweofisi yaye bafumana uqeqesho ekusebenziseni uMicrosoft Word noExcel.

*Ukugcinwa nokuvuselela kwezakhiwo nezitiya zemyuziyam yembali*

Abasebenzi bethutyana abathandathu abanematriki baqeshwa kwiMyuziyam yaseWorcester ukulolonga iigadi neyadi. Bazimasa "iOutreach Greening Training Intervention" kwiSouth African National Biodiversity Institute eKirstenbosch. Baqeqeshwa ngokunjalo ekugcineni ixesa, ukusebenza ngezixhobo nokuba neziphumo ezihele.

Umlawuli weprojekti unikezele ngengxelo yenqubela phambili kwintlanganiso yeQuarterly EPWP Environmental and Culture Sector ngomhla wama-21 kuFebruwari 2013 eyayisingathelwa kwiMyuziyam yaseWorcester.

Njengenxalenye yeproekte iWikipedia Africa Foundation ukwandisa imbonakalo yedijithali yeAfrika, abalawuli beziko lolondolozo lwembali baqeqeshwa ngendlela yokuthengisa amaziko olondolozo lwembali. Esiphelweni sonyaka ophantsi kovavanyo, ingcaciso yamaziko olondolozo lwembali amane yabhengezwa kwiWikipedia ze enye eninzi yakulolongo IweWikipedia.

## *IINkonzo zoLwimi*

linkonzo zolwimi zikhuthaza ukuthethwa kwelwimi ezininzi; zinika ingqwalasela kukungalingani kwangaphambili; ze zipuhlise ngamandla iilwimi ebezibekelwe bucala ngaphambili kune noLwimi IweSA eNtshona Koloni. Zikwenza oku: 1) ngokanezelala ngenxaso kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni; 2) ngokuxhasa umiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni ngokusetyenziswa kweForam yoLwimi yePhondo (PLF) kune neentlobo ngeentlobo zeprojekti zolwimi, kune 3) nokunezelala ngeenkonzo zenxaso yolwimi – ukuguqulela, ukuhlela, nokutolika – ngesiBhulu, isiNgesi nangesiXhosa kuwo onke amasebe oRhulumente weNtshona Koloni.

*IKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni*

IINkonzo zoLwimi ziqinisekisa ngento yokuba iintlawnulo ezikhutshelweyo zenziwa kwiWCLC nento yokokuba IKomiti ifumene inkxaso yolawulo olufunekayo ukuqhube isigunyaziso salo ngokuhambelana noMthetho weelwimi wePhondo leNtshona Koloni, we-1998.

*IProjekti zokukhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke*

6. Ingaba isebe lisungule imigaqo yokunqanda ukucalulwa kwabasebenzi ngokwesimo sabo seHIV? Ukuba kunjalo dwelisa okuphambili kule migao.			I-DCAS isebezise imithetho emiyo nezikhokelo zemigaqo nezikhokelo zoBeko-sweni, eyenziwe yiDPSA. Eyona njongo yezi zikhokelo kukhusela abasebenzi abaneHIV ngokukhuthaza ukusetyenziswa kooZiro abaThathu ngokuhambisana neNkqubo yeZizwe eziManyeneyo yeHIV neAIDS (UNAIDS). Ezi nkqubo zemfundiso zenzelwe ukucutha ibala nokucalulwa kwabanesi sifo nokwazisa banzi ngokuthi: <ul style="list-style-type: none"><li>• Kungabikho batsha bosulelwwe yiHIV, STI neTB</li><li>• Kungabikho mntu ubulawa zizifo ezihambelana neHIV neTB</li><li>• Kungabikho bacalulwayo.</li></ul> I-DCAS yenza uhlolo IweHCT nolwempilo-ntle ukwenza indima yalo ekuqinisekiseni ukuba wonke umsebenzi kaRhulumente weNtshona Koloni uhlolelwwe iHIV neTB kanye ngonyaka ubuncinane. Injongo <ul style="list-style-type: none"><li>• Kukucutha ukucalulwa emsebenzini ngenxa yeHIV neTB. Oku kubandakanya ukhankaso lokulwa ucalulo xa kuxhotyiswa abasebenzi.</li></ul>

<b>Umbuzo</b>	<b>Ewe</b>	<b>Hayi</b>	<b>Nika iinkcukacha ukuba ngu-ewe</b>
	✓		<ul style="list-style-type: none"> <li>Kukucutha ucalulo ngokuvinjwa iinkonzo. Oku kubandakanya ukuqinisekisa ukuba icandelo loLawulo loBudlelane baBasebenzi liyazithathela ingqalelo izikhala zo ze libonelele nangoqeqesho kubasebenzi.</li> <li>Okunye okuphambili ukulwa ukucalulwa ngenxa yeHIV/AIDS kubandakanya: iInkqubo zoKwazisa banzi ezenziwego, amaphekepheke neziphetshana zeenkukacha ezihanjisewego, ukhankaso lokuzihlelala iHIV/AIDS zenziwe, ukuhanjiswa kweekhondom, neentetho ezingalungiselelwanga, kubandakanya iinkqubo zokuthetha ngeHIV/AIDS zabameleabosulelekileyo).</li> </ul>
7. Ingaba isebe liyabakhuthaza abasebenzi balo ukuba bazihihole ze bafumane ingcebiso (VCT)? Ukuba kunjalo, chaza okube yimpumelelo.	✓		<p><b>Iseshini zohlololo nentuthuzelo zeHIV</b></p> <p>Iseshini zohlololo lwempilo zenziwe kuhlolwa ihigh high, iswekile, ikholesteroli, iTB, ubunzima bomzimba nenani nelivisayo leentetho zabucala ezenziwego. IDCAS ithathe inxaxheba kwiseshini zohlololo lweHIV nolwempilo-ntle.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Abasebenzi abangama-206 bahloliwe bafumana nenkozo yentuthuzelo yeHIV, iTB, kunye nezifo zangaphantsi ezosulelayo (iiSTI).</li> <li>Kubekho abahlanu abadluliselwa ekliniki ngenxa yeTB, iHIV nezifo zangaphantsi ezosulelayo (iiSTI).</li> </ul>
8. Ingaba isebe linemigqaliselo yokubeka esweni nokuvavanya utshintsho olubangwa ziinkqubo zalo zokukhuthaza impilo-ntle emsebenzini? Ukuba kunjalo, yichaze.	✓		<p>Igalelo leenkqubo zokukhuthaza impilo kubasebenzi libonakaliswe kwiinkcukacha ezinikwe ngumnniki-zinkonzo weMpilo-ntle yaBasebenzi (umnniki-zinkonzo wangaphandle iEAP). INkqubo yeMpilo-ntle yaBasebenzi ilandeelwa ngeengxelo zekota neengxelo zonyaka. Le ngxelo inikwa ngumnniki-zinkonzo wangaphandle. Engxelo yakutsha nye yeyomhla wo-1 kuTshazimpuzi 2012 – 31 kweyoKwindla 2013.</p> <p>lingxelo zekota nezonyaka zinika iinkcukacha zeEHP zaManani oLuntu, i.e ubudala, isini, ubude bexesha, ukuxhomekeka ekusebenziseni, ukusetyenziswa kolwimi, ukusetyenziswa kwenqubo ngabasebenzi nabaphathi, inani lezimangalo. Uhlolo ngokutsha lukwabonisa ukusetyenziswa kweenkonzo, iinkcukacha zeengxaki, uvavanyo lwabasebenzi nomngcipheko wesebe negalelo loko kwimisebenzi eyenziwa ngabasebenzi.</p>

### 3.12 Ubudlelane babasebenzi

Kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo akukho zivumelwano nemibutho yabasebenzi kungenwe kuzo lisebe.

ITheyibhile 3.12.1: Izivumelwano kubanjiswene, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyokwindla 2013

Zizonke izivumelwano kibanjiswene

Azikho

ITheyibhile 3.12.2: Ukuziphatha ngokungamkelekanga noluleko oluququnjelweyo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyokwindla 2013

Iziphumo zoluleko lwabasebenzi	Inani	Zizonke ngokwe-%
lingcebiso zoluleko	0	0
Isilumkiso somlomo	0	0
Isilumkiso esibhaliwego	0	0
Isilumkiso sokuggibela esibhaliwego	0	0
Abamiswe ngaphandle kwentlawulo	0	0
Izohlwayo	0	0
Abathotyelwe kwizikhundla ezingezantsi	0	0
Abagxothiwego	4	100.0
Abafunyenwe bengenatyala	0	0
Amatyala arhoxisiwego	0	0
<b>Bebonke</b>	<b>4</b>	<b>100</b>
<b>Ipesenti yabasebenzi bebonke</b>		<b>0.4</b>

Qaphela: Iziphumo zoluleko zisingise kwizimangalo ezifakwe ngokusesikweni kuphela.

Abasebenzi ababini baqhleshile kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo ze amatyala abo athathwa njegalahlwego. Bekungekho siding soluleko olusesikweni kuzo zozibini ezi zimangalo

ITheyibhile 3.12.3: lintlobo zoluleko lokuziphatha ngendlela engamkelekanga, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyokwindla 2013

Yhlobo lokuziphatha ngendlela engamkelekanga	Inani	Zizonke ngokwe-%
Ukuziphatha imali ngendlela engamkelekanga	1	20
Ulahlo	2	40
Ukungabikho msebenzini ngaphandle kwemvume	1	20
<b>Ubusela</b>		
<b>Zizonke</b>	<b>5</b>	<b>100</b>

ITheyibhile 3.12.4: Izikhhalazo ezifakiwego, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Izikhhalazo ezifakiwego	Inani	Zizonke ngokwe-%
Inani lezikhalazo ezisonjululweyo	24	77.4
Inani lezikhalazo ezingasonjululwanga	7	22.6
<b>Zizonke izikhhalazo ezifakiwego</b>	<b>31</b>	<b>100</b>

Qaphela: "Izikhhalazo" ezifakiwego zisingise kwizimangalo eziqququnjelwe kwasenyakeni. "Izikhhalazo" ezingasonjululwanga zisingise kwizikhhalazo eziqququnjelweyo kodwa iziphumo zingawanga ngakwicala lalowo ubefake isikhhalazo nezifunyenwe zingenashlahla

ITheyibhile 3.12.5: Izibheno ezifakwe kumaBhunga, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Izibheno ezifakwe kumaBhunga	Inani	Zizonke ngokwe-%
Inani lezibheno ezibanjiwego	1	100
Inani lezibheno ezichithiwego	0	0
<b>Zizonke izibheno ezifakiwego</b>	<b>1</b>	<b>100</b>

Qaphela: Amabhunga asingise kwiPublic Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC) neGeneral Public Service Sector Bargaining Council (GPSSBC).

ITheyibhile 3.12.6: Amanyathelo oqhankqalazo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Amanyathelo oqhankqalazo	Inani
Bebonke abasebenzi abasebenza iiintsuku ezilahlekileyo	0
Zizonke iindleko (R'000) zeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo	0
<b>Umyinge (R'000) ofunyenwego ngenxa yokungahlawulwa kwabasebenzi</b>	<b>0</b>

ITheyibhile 3.12.7: Ukumiswa emsebenzini, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Ukumiswa emsebenzini	Inani
Inani labantu abamisiwego emsebenzini	0
Inani labantu abamiswe iiintsuku ezingaphezu kwama-30	0
I-avareji yeentsuku zokumiswa emsebenzini	0
<b>lindleko (R'000) zokumiswa emsebenzini</b>	<b>0</b>

Qaphela: Ukumiswa emsebenzini kusingise kubasebenzi abamiswe behlawulwa ngeli xa besaphandwayo

### 3.13 Uphuhliso Iwezakhono

Eli cadelo libonisa iinzame zeDCAS ngokusingesele kuphuhliso Iwezakhono. ITheyibhile 3.13.1 ibonisa iimfuno zoqequesho ukususela ekuqaleni kwalo nyaka kunikwa ingxelo yawo, kwaye ITheyibhile 3.13.2 ibonisa uqequesho olwenziwego.

ITheyibhile 3.13.1: limfuno zoqequesho ezibalulwego, 1 Tshazimpunzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

lindidi zemisebenzi	Isini	Inani la-basebenzi ngokwan-gomhla wo-1 kuT-shazimpuzi 2012	limfuno zoqequesho ezibalulwego konyaka ekunikwa ngawo ingxelo				Zizon-ke
			lilenashiphu	linkqubo zoqequesho nezinye iikhosi ezimfutshane	Ezinye iintloblo zoqequesho		
Abawisi-mthetho, amagosa aphezulu nabaphathi	Ibhinqa	4	0	11	0	11	
	Indoda	8	0	6	0	6	
lingcaphephe	Ibhinqa	54	0	202	0	202	
	Indoda	51	0	193	0	193	
Oochwephesheshe nabafana neengcaphephe	Ibhinqa	76	0	249	0	249	
	Indoda	66	0	156	0	156	
Oomabhalane	Ibhinqa	105	0	329	0	329	
	Indoda	45	0	184	0	184	
Abeenkonzo nabathengisi	Ibhinqa	0	0	0	0	0	
	Indoda	0	0	0	0	0	
Abезолимо nokuloba	Ibhinqa	0	0	0	0	0	
	Indoda	0	0	0	0	0	
Abaqingqi nabemisebenzi yezandla	Ibhinqa	0	0	0	0	0	
	Indoda	3	0	16	0	16	
Abasebenzi ngeematshini	Ibhinqa	0	0	0	0	0	
	Indoda	16	0	51	0	51	
Abenza imisebenzi elula	Ibhinqa	45	0	83	0	83	
	Indoda	97	0	168	0	168	
<b>Bebonke</b>	<b>Ibhinqa</b>	<b>285</b>	<b>0</b>	<b>874</b>	<b>0</b>	<b>874</b>	
	<b>Indoda</b>	<b>287</b>	<b>0</b>	<b>774</b>	<b>0</b>	<b>774</b>	
<b>Bebonke</b>		<b>572</b>	<b>0</b>	<b>1 648</b>	<b>0</b>	<b>1 648</b>	
Abasebenzi ababandzeleke ngokwamlalungu omzimba	Ibhinqa	1	0	0	0	0	
	Indoda	1	0	0	0	0	

Qaphela: Le theyibhile ingentla ibonisa iimfuno zoqequesho ekuqaleni konyaka ngokweSicwangciso seZakhono zoMsebenzi seDCAS.

ITheyibhile 3.13.2: Uqequesho ekubonelelwe ngalo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31  
kwegoKwindla 2013

lindidi zemisebenzi	Isini	Inani la-basebenzi ngokwan-gomhla wo-1 kuT-shazimpuzi 2012	limfuno zoQequesho eziChongwe ekuQaleni kweLixa ekuNikwa iNgxelo yalo			
			lilenashiphu	linkqubo zoqequesho nezinye iikhosi ezimfutshane	Ezinye iintlobo zoqequesho	Zizonke
Abawisi-mthetho, amagosa aphezulu nabaphathi	Ibhinqa	4	0	2	0	2
	Indoda	9	0	1	0	1
lingcaphephe	Ibhinqa	58	0	14	0	14
	Indoda	51	0	24	0	24
Oochwepheshe nabafana neengcaphephe	Ibhinqa	93	0	25	0	25
	Indoda	74	0	16	0	16
Oomabhalane	Ibhinqa	63	0	56	0	56
	Indoda	29	0	43	0	43
Abeenkonzo nabathengisi	Ibhinqa	0	0	0	0	0
	Indoda	0	0	0	0	0
Abezolimo nokuloba	Ibhinqa	0	0	3	0	3
	Indoda	0	0	0	0	0
Abaqingqi nabemisebenzi yezandla	Ibhinqa	1	0	0	0	0
	Indoda	7	0	15	0	15
Abasebenzi ngeematshini	Ibhinqa	0	0	0	0	0
	Indoda	16	0	4	0	4
Abenza imisebenzi elula	Ibhinqa	82	0	7	0	7
	Indoda	97	0	12	0	12
<b>Bebonke</b>	Ibhinqa	<b>308</b>	<b>0</b>	<b>107</b>	<b>0</b>	<b>107</b>
	Indoda	<b>287</b>	<b>0</b>	<b>115</b>	<b>0</b>	<b>115</b>
<b>Bebonke</b>		<b>595</b>	<b>0</b>	<b>222</b>	<b>0</b>	<b>222</b>
Abasebenzi ababandezeleke ngokwamlalungu omzimba	Ibhinqa	6	0	0	0	0
	Indoda	4	0	0	0	0

Qaphela: Le theyibhile ingentla ibonisa iimfuno zoqequesho ekuqaleni konyaka ngokweSicwangciso seZakhono zoMsebenzi seDCAs.

### 3.14 Ukwenzakala emsebenzini

ITheyibhile 3.14.1 inika iinkukacha ezisisiseko ngokonzakala emsebenzini.

ITheyibhile 3.14.1: Ukwenzakala emsebenzini, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Uhlobo lomenzakalo	Inani	Bebonke ngokwe-%
Abadinge unyango olusiseko kuphela	1	7.1
Ubagogeke okwethutanya	13	92.9
Abagogeke ngokusisigxina	0	0
Abafileyo	0	0
<b>Bebonke</b>	<b>14</b>	<b>100</b>
<b>Ipesenti yabasebenzi bebonke</b>		1

### 3.15 Ukusetyenziswa kwabacebisi

ITheyibhile 3.15.1: Ingxelo ngokusetyenziswa kwabacebisi kusetyenziswa imali eyabelwe oko, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

Ishloko seprojekthi	Bebonke abacebisi abasetyenzisiweyo kwiphulo	Ixesha: lintsuku zokusebenza	Ixabiso ngokweeRandi
-	-	-	-
<b>Inani leeprojekthi zizonke</b>	<b>Abacebisi bebonke</b>	<b>Ixesha: lintsuku zokusebenza</b>	<b>Ixabiso ngokweeRandi</b>
-	-	-	-

ITheyibhile 3.15.2: Uphicotho lokuqeshwa kwabacebisi kusetyenziswa imali eyabelwe oko, ngokwabo babefudula besengelwa phantsi (HDIs), 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kowama-31 kweyoKwindla 2013

<b>Isihloko seprojekthi</b>	<b>Ipesenteji yobunini ngokwamaqela eHDI</b>	<b>Ipesenteji yabakulawulo ngokwamaqela eHDI</b>	<b>Inani labacebisi abaphuma kumaqela eHDI asebenze kwiphulo</b>
-	-	-	-

ITheyibhile 3.15.3: RIngxelo ngokusetyenziswa kwabacebisi kusetyenziswa imali yeminikelo, 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kwama-31 kweyoKwindla 2013

<b>Isihloko seprojekthi</b>	<b>Bebonke abacebisi abasetyenzisiweyo kwiphulo</b>	<b>Ixesha: lintsuku zokusebenza</b>	<b>Ixabiso ngokweeRandi</b>
-	-	-	-
<b>Inani leeprojekthi zizonke</b>	<b>Abacebisi bebonke</b>	<b>Ixesha: lintsuku zokusebenza</b>	<b>Ixabiso ngokweeRandi</b>
-	-	-	-

ITheyibhile 3.15.4: Ingxelo ngokusetyenziswa kwabacebisi kusetyenziswa imali yeminikelo, ngokwabo babefudula besengelwa phantsi (HDIs), 1 Tshazimpuzi 2012 ukuya kweyama-31 kweyoKwindla 2013

<b>Isihloko seprojekthi</b>	<b>Ipesenti yobunini ngokwamaQela eHDI</b>	<b>Ipesenti yabakulawulo ngokwamaQela eHDI</b>	<b>Inani labacebisi abaphuma kumaQela eHDI asebenze kwiprojekthi</b>
-	-	-	-

## ICANDELO E: INKCAZO-MALI

INgxelo yeGosa elinoXanduva

INgxelo yeGosa elinoXanduva kwiSigqeba soLawulo seNdlu yoWiso-mthetho yeNtshona Koloni

### 1 INKCAZELO YOTHATHO-XANDUVA KULWAZI LOKUSEBENZA

Inkcazelo yothatho-xanduva kulwazi lokusebenza kunyaka ophela ngowama-31 kuMatshi 2013

#### 1 Amagqabantshintshi ngemicimbi yezemali

##### Plzigqibo zomgaqo-nkqubo nemiba yeqhinga lokusebenza

Ngokugxile kwiinguqu kuRhulumente weNtshona Koloni ukusuka kwintsebnziswano noluntu ukuya kubandakanyo loluntu, iSebe linyanelisa umbono "weNtshona Koloni wobandakanyo loluntu, ukusebenza nakubuchule" phantsi kweNjongo yeQhinga lokuSebenza 8: ukunusa izinga lokubandakanywa koluntu nokucutha ubuhlwempu. Ngokusingise kulo mba, kunikwe ingqalelo ebanzi kwinkqubo yasemva kwasikolo eyaziwa ngokuba yiNkqubo yeMOD. Intatho-nxaxheba yolutsha kule nkqubo ivumela iSebe ukuba lihlale kumbono walo wokuba liphondo loMzantsi Afrika elibandakanya uluntu, elinobuchule nelisebenzayo.

Kulo nyaka kunkwa ingxelo yawo kuye kwasungulwa nomgaqo-nkqubo wolondolozo lwembali obonelela ngesikhokelo sokuyilwa kwamaziko olondolozo kwiNtshona Koloni iphela.

##### Izigqibo zochitho-mali ezibalulekileyo nemiba yeqhinga lokusebenza zeSebe

iSebe lixhomekeke ngamandla kwimali eliyifumana ngokweDivision of Revenue Act Conditional Grant ukunikezela ngeenkonzo zalo. iSebe lifumana iSibonelelo-mali esineMiqathango seDORA kuNongxowa weSizwe ekumyinge we-R101 628 000, eyenziwa yiR44 499 000 yeNtatho-nxaxheba yeSinini neSibonelelo-mali soPhuhliso lweMidlalo, iR56 129 000 yeSibonelelo-mali samaThala eeNcwadi oluntu, iR1 yeSigidi seSibobelelo-mali seNKqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo esiManyanisiweyo sePhondo esenza i-26% yenkcitho yeSebe iyonke kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo.

##### Imisitho ephambili

iSebe libandakanyeke kwimisitho emininzi kwiphondo liphela kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo. Le misitho ibandakanya:

- iDiscovery Big Walk;
- uKhenketho ngeeBhayisekile lePick n Pay Argus;
- iiMbaso zoBugcisa, iNkcubeko, iLifa leMveli, amaZiko olondolozo lweMbali, amaThala eeNcwadi, uLondolozo lweNkcukacha eziBalulekileyo neelwimi zowama-2012;
- iiMbaso zezeMidlalo zeNtshona Koloni;
- iiMbaso zamaQhawe ezeMidlalo;
- uSuku lweMidlalo yabaSebenzi baseziFama; kwakunye
- neMidlalo yokuKhuthaza iNtsebenziswano yabasebenzi beWCG.

##### Amaphulo aphambili

iSebe lenze igalelo elimandla kwinkcubeko kwezokhenketho nakwiminyhadala yenkcubeko kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo ngokuthatha inxaxheba kule misitho:


- iAbsa Klein Karoo NasionaleKunstefees;
- iKhanival yeKapa;
- kuMiselo loMnyhadala wezeMidlalo waseMossel Bay;
- iTonamenti yabezoRhwebo ngeNtlanzi;
- iDie Burger Suidoosterfees;

- uMnyhadala weKapa;
- nakuMnyhadala woMcupo woMngqungqo weKapa weHlabathi.

Ngaphezu koko iSebe:

- lixhase imibutho yezemidlalo eli-110 eNtshono Koloni, eBholani, kwiMimandla ekuMazantsi-Kapa nakuNxweme lweNtshon;
- lixhase imibutho yenkcubeko engama-57 eyenza amaphulo ezomjuxuzo, umculo, okuzoba, imidlalo yeqonga noncwadi;
- lixhase amathala eencwadi engama-347 akhuthaza ukufunda;
- ukuqaliswa kweNkqubo yamaZiko eMOD kwiindawo ezili-181 ukuze ulutsha luthathe inxaxheba kwezemidlalo, kwezobugcisa nenkcubeko emva kwesikolo;
- landise iphulo lonxityelelaniso lwamathala eencwadi asemaphandleni kwiindawo ezingama-96 eNtshona Koloni;
- landise ukufikelela kwephulo "looMahamaba ngeNdlwana" kwiindawo ezesemaphandleni;
- lilungelelanise inkqubo yokubonelelwa ngemali kwemibutho yenkcubeko nezemidlalo nakwiiklabhu; kwaye
- liqhubile nokuxhasa ezeMidlalo yeziKolo eNtshona Koloni.

### Indlela ehambe ngayo inkcitho



Ingcaciso	2010/11	2011/12	2012/13
Uhlahlo-Iwabiwo-mali (R'000)	294,704	352,480	392,274
Inkcitho (R'000)	294,023	351,888	390,550
I-% yenkcitho	99,76	99,83	99,56

Kunyaka-mali wama-2012/13, uhlwabelo-mali lweSebe oluyiR390 761 000 lunyisiwe lwaba yi-R392 422 000 kulungelewaniso lokuqala, lunyuke nge-R1 661 000 okanye nge-0,42%. Kulungelelaniso lwsibini uwabelo-mali luye lwathotywa lwaya kutsho kwi-R392 274 000 ngenxa yeSibonelelo-mali esineMiqathango sezeMidlalo noLonwabo soMzantsi Afrika. Ulungelelaniso lubandakanye oku:

- i-R1 500 000 (inyukile) yeSoka yoLutsha, uKhuphiswano lweSoka lweZizwe ezisiBhozo labangaphantsi kwama-20 ubudala ebelubanjwe eKapa nebixhaswe ngemali nguNongxowa wePhondo;
- i-R400 000 (yehlile) isiwe kwiVoti 1 kwiPhulo loGuqulo-similo;
- i-R561 000 (inyukile) yokugcinwa kwengeniso yeengcwadi zamathala eencwadi; kwakunye
- ne-R148 000 (yehlile) yeSibonelelo-mali esineMiqathango sezeMidlalo.

## Iivarimenti

I-no ye-varimenti	Inkqubo	UCalulo ngokwezo-Qoqosho	R'000	KwiNkqubo	UCalulo ngokwezo-Qoqosho	R'000
1	INkqubo 1	Ukuhlawulwa kwabasebenzi	(275)	INkqubo 4	Impahla neenkonzo	1,705
		Impahla neenkonzo	(3,076)		Uweliselo-mali nezibonelelo-mali	1,041
		Oomatshini nezixhobo	(109)		Oomatshini nezixhobo	707
		Isoftware nenyi impahla yexabiso engaphathekiyo	(4)		Ukuhlawulwa kwempahla yexabiso eyimali	120
		<b>ZISONKE</b>	<b>(3,464)</b>		<b>ZISONKE</b>	<b>3,573</b>
2	INkqubo 2	Ukuhlawulwa kwabasebenzi	(1,804)	INkqubo 3	Impahla neenkonzo	3,322
		Impahla neenkonzo	(1,091)		Oomatshini nezixhobo	76
		Oomatshini nezixhobo	(81)		Ukuhlawulwa kwempahla yexabiso eyimali	27
		Izakhiwo nezinye izimiso ezingafudus-wayo	(60)		Ukuhlawulwa kwabasebenzi	(498)
		<b>Zisonke</b>	<b>(3,036)</b>		<b>Zisonke</b>	<b>2,927</b>
		<b>IYONKE</b>	<b>(6,500)</b>		<b>IYONKE</b>	<b>6,500</b>

## Iizathu zokwenziwa kwevarimenti

IVoti 13 ibonisa imali ekhoyo kwimali eyabelwe imivuzo yabasebenzi ngenxa yezithuba ezingenabantu ezingavalwanga. Kuchongwe amaphulo ezemidlalo ongezelekileyo nathe abelwa kwimali engasetyenziswanga. Abaphathi beenkqubo baye bacelwa ukuba bafake iziphakamiso emazabelwe kwimali engasetyenziswanga. INTloko yeSebe iphumeze ulwabiwo-mali lwemali engesetyenziswanga ngentsebenziswano neMEC. Ingenelo yamaphulo ongezelelweyo ibe kukunyuka kolwabelo-mali lweeMpahla neeNkonzo, uWewiselo-mali nezibonelelo-mali kwakunye neMpahla zeXabiso eNkulu.

Iivariment kwicandelo ngalinye ziphunyezwe liGosa elinoXanduva ngeli xa iivariment phakathi kwamacandelo ziphunyezwe nguNongxowa wePhondo. Oku kungokwezigunyaziso zeevarimenti zeSebe.

## 2 linkonzo ekubonelelwwe ngazo liSebe

linkonzo ekubonelelwwe ngazo liSebe zichazwa kwiCandelo B lale ngxelo.

### Umgaqo-nkqubo wamaxabiso

Onke amaxabiso achazwe kuluhlu lwamaxabiso kwaye luhlolwa ngonyaka.

### linkonzo zamahala

Zonke iinkonzo zeSebe uluntu luzifumana mahala.

## 3 Imingeni yokwenziwa komsebenzi

### Uxanduva olungabelwanga mali

I-Provincial Library Service Ordinance, neyaqalisu ukusebenza ngomhla we-9 kweyeDwarha 1981, kunye noMgaqo-nkqubo ophathelele kwiNkonzo zamaThala eeNcwadi zamaHala (uMgaqo-nkqubo 689 of 1980), kuphela komthetho olawula ukusebenza kwamathala eencwadi.

Injongo yale-Ordinance kukumanyanisa nokwenza iinguqu kumthetho wobonelelo ngeenkonzo zamathala eencwadi mahala nemiba evelayo. Ulawulo Iwale Ordinance, phantsi koMpoposh 115 ka-1994, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente 15813 yowe-17 kweyeSilimela 1994, lunikwe iPhondo leNtshona Koloni ukususela ngowe-1994.

Nangona kunjalo, uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika umisa ukuba onke amathala eencwadi, ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe, luxanduva olukhethekileyo lomthetho wephondo. Abanye oomasipala abanaxanduva lokubonelela ngemali yonikelo Iweenkozno zamathala eencwadi. I-Local Government: Municipal Structures Act, 1998 (uMthetho 117 ka-1998) neLocal Government: Municipal Systems Act, 2000 (uMthetho 32 wama-2000) ayithethi nto ngobonelelo Iweenkonzo zamathala eencwadi kwanokwabelwa kwawo imali ngoomasipala. Ukuhlangabezana nale meko, kuyilwa iSouth African Library and Information Services Bill kwaye iSebe lezoBugcisa neNkcubeko lesizwe liqueshe umniki-zinkonzo ukuba aqulunge lomthetho. Isisombululo esiphambili ngokusingisele kubonelelo ngemali Iwamathala eencwadi sichazwe kunya-mali wama-2011/12, nesabelo-mali seR31 770 000 yokuxhasa oomasipala ukuze bamelane nalo mba wobonelelo-mali Iwamathala eencwadi. Le ngxowa-mali yabelwe iDCAS nguNongxowa-mali wePhondo ngexesha lolungelelaniso kweyeNkanga 2011. UDidi 15 B3 [olona lusemngciphekweni] koomasipala beNtshona Koloni luchongwe njengelona luza kuxhamla kule ngxowa-mali. linkukacha zoweliselo-mali kwaba masipala zipapashwe kwiGazethi kaRhulumente ngelixa lolungelelaniso lolwabelo-mali neweliselwe kweyoMqungu 2012. Kukhutshelwe iR31 268 000.

Le mali ibivala malunga ne-96% ukuya kwi-100% yeisikhewu ebisdaleke koomasipala ngokwabela kwabo iinkonzo zamathala eencwadi kunya-mali wama-2011/12, kwakunye nepesenti encinci yokujongana nezinye iindleko zamathala eencwadi kwabanye boomasipala abangu-B3.

Kusungulwe icandelo elijongene neeNkonzo zamaThala eeNcwadi ukuphumeza, ukwandisa, ukulawula nokubeka esweni ingxowa-mali yenksaso koomasipala kwakuncedisa aba masipala ukuphakamisa izinga Ieenkonzo zamathala eencwadi. Abasebenzi abathathu baqalisile ukusebenza kweli candela kwikota yesine kwaye omnye uqalise kuTshazimpuzi 2012. Ngowama-2012/13 ulwabelo-mali loomasipala abangu-B3 lube yiR45 yezigidi.

## **Abasebenzi**

Uyilo oluncinci lobume beSebe lumphunyeziwe kwikota yokugqibela yowama-2011/12. Uyilo lobume beSebe olutsha luqalise ukusebenza kulo nyaka kunkwa ingxelo yawo. Oku kuthathwa njengenyathelo eliphambili lokunyusa izinga lokusebenza kweSebe.

## **4      Ukusetyenziswa kwemali yeminikelo**

Aukho mali yaminikelo ifunyenweyo kunya-mali wama-2012/13

## **5      Amaqumrhu karhulumente**

### **IKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

I-WCCC isungulwe ngokoWestern Cape Cultural Commission and Cultural Councils Act, 1998. Ngokwecandelo 47(1) lePublic Finance Management Act, 1999 (uMthetho 1 ka-1999 njengoko wenziwe izilungiso ngoMthetho 29 ka-1999), uMptheswa wezeMali iWCC uyichaze njengequmrhu likarhulumente elikushedyuli 3C ukususela ngomhla wo-1 kweyeSilimela 2001. Kwenziwe uweliselo-mali oluyi-R200 000 kwiWCCC ngokwesabelo-mali seMTEF nemali eyongezelelweyo eyi-R125 000 ngokwecandelo 38(1)(j) lePFMA. Kwenziwe amaphulo ezenkcubeko ahlukaneyo apha enyakeni.

### **IKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni**

I-WCLC isungulwe ngokoMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998. Ngokwecandelo 47(1) lePublic Finance Management Act, 1999, uMptheswa wezeMali iWCC uyichaze njengequmrhu likarhulumente elikushedyuli 3C ukususela ngomhla wo-1 kweyeSilimela 2001. Injongo zeKomiti yeelwimi kukuqinisekisa ukuba zontathu iilwimi zaseburhulumenteni eNtshona Koloni ziphathwa ngokulinganayo nokuqinisekisa ukukhuthazwa kweelwimi zemveli zeNtshona Koloni ezazifudula zisengelwa phantsi. Kuweliselwe i-R190 000 kwiWCLC ngkwesabelo-mali seMTEF nemali eyongezelelweyo eyi-R50 000 ngokwecandelo 38(1)(j) lePFMA. Kwanziwe amaphulo eelwimi ahlukaneyo apha enyakeni.

## **Ilifa leMveli leNtshona Koloni**

Ilifa leMveli leNtshona Koloni lasungulwa ngowama-2002 ngokomgaqo opapashwe nguMEC kwewoMqungu 2003 kwakunye nokumiselwa kweBhunga leHWC. Uxandauva leli qumrhu likumthetho iNational Heritage Resources Act, 1999 nakumgaqo-nkqubo omiswe ngokwalo Mthetho. Uxandauva oluphambili kukuchonga, ukukhusela nokulondoloza izinto ezilifia lemveli yeNtshona Koloni. Xa lisenza umsebenzi walo lisebenzisana norhulumente wommandla nowesizwe. Kuweliselwe iR1 452 000 kwiHWC ngokwecandelo 38(1)(j) lePFMA.

## **6 Imibutho enikwe imali**

Uluhlu Iwemibutho enikwe imali nezizathu zokukhutshwa kwezo mali lukwiCandelo B lale ngxelo.

## **7 Ubuqabane namaqumrhu oluntu abucala (PPPs)**

Akukho zivumelwano zePPP kungenwe kuzo kunyaka-mali wama-2012/13.

## **8 Amalungiselelo olawulo olumanyanisiweyo**

### **8.1 Ulawulo olumanyanisiweyo**

Lo mba ukwiCandelo C lale ngxelo.

### **8.2 Intsulungeko yeKomiti yoPhicotho-zincwadi yangaPhakathi**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iquhubile nokusebenza ngokuzimela ngoMsebenzio woPhicotho-zincwadi wangaPhakathi eweliselwe kwiZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo kwiSebe leNkulumbuso.

NgokwePFMA neKing III, uMsebenzi woPhicotho-zincwadi kukubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi nabalaWuli ngengqinisekiso yokuba ulawulo Iwangaphakathi ngokusingise kulawulo, kulawulo lomngcipheko neenkqubo zolawulo zisebenza ngokufanelekileyo nangokusulungekileyo. Ngokuhambelana nePFMA kwakunye neKing III, iKomiti yoPhicotho-zincwadi iphumeze iQhinga lokuSebenza ngomngcipheko leminyakaemi-3 neSicwangciso sokuSebenza soPhicotho-zincwadi soNyaka, ze iKomiti yoPhicotho-zincwadi yabeka iliso ekuthotyelweni kwesicwangciso sokusebenza nokuthobela kwabaphathi izindululo zokwenza izilungiso.

Akukho mali ingenye yokuxhobisa uPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi ikhutshiweyo kwaye kulo nyaka bekugxilwe ekusetyenzisweni kwezixhobo ezikhoyo kangangoko.

UPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi luyaqhoba nokuthathela ingqalelo amanye amaqumrhu oqinisekiso kwaye lunyeke ukumanyanisa iindlela zokusebenza ukuqinisekisa ukuba izixhobo zoPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi ziyasetyenziswa kwiindawo ezifaneleke kuzo ngokohlobo lomngcipheko.

ISebe lincedwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi eManyanisiweyo, kwaye onke amalungu mgamalungu azimeleyo naqeshwe yintloko kaNongxowa-mali wePhondo emva kokuthethana nabasemagunyeni abafanelekileyo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi isebenza ngokweMiqathango ephunyezwe ngomhla we-18 kweyeKhala 2012.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihangana ngekota ubuncunane ukwenza umsebenzi wayo ngokweMiqathango ephunyeziweyo. Ngaphezu koko, iKomiti yoPhicotho-zincwadi idibana bucala nabasemaGunyeni neGosa elinoXanduva ukuxoxa ngemiba ethile nefanelekileyo.

## **9 Imisebenzi emisiweyo/ emayimiswe**

Akukhu misebenzi ithe yamiswa kulo nyaka-mali.

## **10 Imisebenzi emitsha/ ephakanyisiweyo**

I-South African Public Library and Information Services Bill ibisephantsi kweengxoxo kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo. Uqulunqo loMthetho oYilwayo luxoxwe kumaqonga ohlukaneyo. ISebe lezoBugcisa neNkcubeko lesizwe liqeshe umniki-zinkonzo ukuba axabise loMthetho uYilwayo. Uxatyiso loMthetho oYilwayo luza kuqala kunyaka-mali ozayo.

Umba wengxowa-mali yamatnala eencwadi usengumngeni kunikezeloo Iweenkonzo zamathala eencwadi. Kunyaka-mali wama-2011/12 kwenziwe isiphakamiso sokusombulula olu xanduva lungabelwe mali ze safakwa kuNongxowa-mali wephondo. Iziphumo ibe sisombululo esipapashwe ngomhla woku-1 kwewoKwindla 2011

nguMEC wezeMali, uPhuhliso loQoqosho noKhenketho weNtshona Koloni ngokusingise kuncedo-mali eliza kunikwa oomasipala abasemngciphekweni kunyaka-mali wama-2011/12. Kunyaka-mali wama-2011/12 kukhutshwe umyinge we-R31 770 000 ze kunyaka-mali wama-2012/13 kwakhutshwa i-R45 000 000. Kwinyanga yeThupha 2012 iNtloko yeSebe inike intetha kwiKomiti eSebenzayo yezeMali egameni lamaphondo onke. Oku kuhokelele kunyuko kwengxowa-mali yesibonelelo-mali esinemiqathango kunyaka-mali wama-2014/15.

Kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo, imodeli yeNkqubo yeZiko leMOD ichazwe nangakumbi ze kwasungulwa nobuqabane neminye imitho karhulumente ukuxhasa eli phulo. Ngokusingiswe kwikamva lamaZiko eMOD kuza kugxilwa ekuphuculeni amava wabathathi-nxaxheba

## 11 **Ulawulo Iwempahla yexabiso**

Zonke impahla yexabiso zeSebe zifakte ibhakhowudi ze zafakwa kuLOGIS [the Logistical Information System]. Kusungulwe iqhinga lokulawula impahla yexabiso ze sasetyenziswa kwaqeshwa namagosa olawulo Iwempahla yexabiso ukuqinisekisa ulawulo olufanelekileyo Iwempahla yexabiso. Ukuthathwe isitokhwe sempahla yexabiso kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo.

UNongxowa-mali weSizwe ukhuphe isikhokelo esifunisa ukuba isebe lithathe uxanduva lwemathiriyeli yamathala eencwadi njengempahla yexabiso ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2012. linguqu kwisikhokelo sobalo lolawulo lwemathiriyeli yamathala eencwadi njengempahla yexabiso zikhokelele kwiinguqu kwisimo sokusebenza seDCAS. Oku kufunise uyilo lomgaqo-nkqubo nendlela yolawulo lwemathiriyeli yamathala eencwadi njengempahla yexabiso. Kukwafunise nokwenziwa kwestokhwe sezinto ezizizigidi ezi-6 kwiindawo ezingama-358 kwiphondo liphela kunyaka-mali wama-2011/12 ukuqinisekisa ubukho berijista yemathiriyeli yamatha eencwadi esemgangathweni. (Oku kwensiwe ngamatha eencwadi angama-340, zingingqi ezili-15, sisitaki esiphangaleleyo esi-1, iziko lamathala eencwadi nethala lemiboniso-bhanyabhanya). Kwensiwe iinguqu kwiStandard Chart of Accounts (SCOA) ukulungiselela ezi nguqu zintsha.

Ukuthathwa kwestokhwe ngamaxeshu athile kubuyiselwe kunyaka-mali wama-2012/13.

## 12 **Izintlu**

Ingxelo yezintlu ikwiCandelo le-4 leNgxelo-mali yoNyaka.

## 13 **Iziganeko ezechle emva komhla woniko-ngxelo**

Ngomhla wama-23 kuTshazimpuzi 2013, iSebe lifumanise ukuba uweliselo-mali olukumyinge we-R903 134 ebelubekelwe uMasipalawaseGeorge lufakwe kwenye iakhawuntingobuqhophololo. Lo mba uxelwe kwiCandelo loPhando lwaseNkundleni leWCG ngomhla wama-24 kuTshazimpuzi 2013 ukuze uphandwe. NgokweSikhokelo soRhwaphilizo noMngcipheko seSebe, isahluko 8, umhlathi 42, olu rhwaphilizo lwenzeke emva Komhla woniko-ngxelo ngako oko "sisehlo esilungelelanisiweyo emva komhla woniko-ngxelo. Ngako oko iDCAS ilungelelanise iinkcazo-mali zayo ukuqinisekisa ukuba ukuququnjelwa komba wolu rhwaphilizo ngendlela efanelekileyo.

## 14 **linkcukacha ngeenjongo ezichazwe kwangaphambili**

linkcukacha zokwenziwa komsebenzi zikwiCandelo B lale ngxelo.

## 15 **Izisombululo zeSCOPA**

Inkcazel/inkxalabo	Izisombululo	Imihla yokuthathwa kwamanyathelo yeSCOPA/athathwe liSebe
<b>Iphepha:</b> 63 leNgxelo yoNyaka. <b>Isihloko:</b> "Uphicotho-zincwadi". <b>Ingcaciso:</b> IKomiti ivakalise inkxalabo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, nguMphathiswa naziiHOD zamasebe onke yokuba kufuneka kwensiwe olunye uphicotho-zincwadi kwaye kufuneka luxhotyiswe ngakumbi, ingakumbi ngokusingise emalini, ukunika inkxaso kumsebenzi owandileyo wokujongana nezinto ezingumngcipheko omkhulu. Umsebenzi wophicotho-zincwadi kunyaka-mali wama-2011/12 ungama40% xa uthelekiswa nowonyaka-mali wama-2010/11 obungama-39%.	13.1 IKomiti isombulule ngelithi:  13.1.1 UMphathiswa neHOD baqhubile nokuthethana neKhabhinethi noNongxowa-mali wePhondo ngalo mba wokunyuka komsebenzi wophicotho-zincwadi kwisiqingatha sonyaka ukuze kuphungulwe ifuthe elibi kwizophumo zophicotho-zincwadi, kuniķezelo lweenkonzo nasekwenziweni komsebenzi omisiweyo, ingakumbi kwiindawo ezisemngciphekweni omandla;	Lo mba uxoxwe kwintlanganiso yoLawulo kaNgxowa-mali wePhondo.

Inkcazelo/inkxalabo	Izisombululo	Imihla yokuthathwa kwamanyathelo yeSCOPA/athathwe liSebe
<p><b>Iphepha:</b> 72 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "IziSombululo zeSCOPA".</p> <p><b>Ingcaciso:</b> IKomiti ibulele iSebe ngokusabela kwizisombululo zeKomiti zonyaka ophelileyo kubandakanya nezi zikwingxelo yalo nyaka.</p>	13.1.2 IKomiti isombulule ngelithi makuyilwe ithempulethi entsha ngokungqamene namanyathelo eSebe kwiziSombululo zeSCOPA ze yacela ukuba iSebe lisebenzise le thempulethi intsha kwingxelo yonyaka wama-2012/13 ukubheka phambili;	Esi sisombululo sithathelwe amanyathelo.
<p><b>Iphepha:</b> 72 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "IziSombululo zeSCOPA".</p> <p><b>Ingcaciso:</b> Kunyaka-mali wama-2010/11 iSCOPA siphakamise ukuba kwensiwi izilungiso kumanqaku obhengezo. Ezi zilungiso bezifuneka ngoba inkqubo yobalo-mali yeSebe ibingakwazi ukuqinisekisa imfezeko yemiyinge echaziwego. Ekusalindele ukwenziwa nokongezelelekileyo okungachazwanga okumalunga nenqubo yeeNkonzo zamaThaka eeNcwadi iSLIMS equalise ukusetyenziswa kweyoMqungu 2011. IKomiti ibuthathela ingqalelo ubunzima obufunyenwego ukufumana iinkcukacha zemali kule nkqubo susela oko yasungulwayo le nkqubo. Kulandelwe iinkqubo zesiqhelo ukuqinisekisa ukuba iinkcuakcha ichazwa ngokufanelekileyo.</p>	13.1.3 ISebe lilungisa unikelontetho oluphangaleleyo kwiKomiti ngamanyathelo eSebe kwimingeni yenqubo yeSLIMS;	Uza kunika yiSCOPA.
<p><b>Iphepha:</b> 75 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "Ukwensiwa komsebenzi ebekujoliswe kuwo" (uMhlathi15).</p> <p><b>Ingcaciso:</b> Kzwinto ebekujoliswe kuzo, i-119 lufeziwe kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo. Oku ngama-23,2% ezinto ebekujoliswe kuzo kulo nyaka kunikwa ingxelo yawo. Oku kungunobangela wokungalandelwa kweenkqubo ezifanelekileyo lisebe nobungajna obufunekayo kwinkqubo yesicwangciso sokusebenza sonyaka.</p>	13.1.4 Oku makuthunyelwe kiKomiti eLawulayo ejongene noPhuhliso loLuntu ukubeka iliso nokwenza uvavanyo olubanzi;	<p>Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.</p> <p>ISebe lipapashe izibinisi zomsebenzi owenziwayo ezli-173 kwiSicwangciso sokuSebenza soNyaka wama-2011/12, UMphicothi-zincwadi Jikelele uvumile ukuba i-155 leePPI liza kusetyenziswa njengesiseko sokujonga okwenziwego. (I-18 leePPI elishiyelekileyo alithathelwanga ngqalelo nanjengoko i-12 kuzo belingento lijoliswe kuzo kwaye i-6 kuzo khange senziwe ngenxa yezinto ezingaphaya kwamandla eSebe.)</p> <p>ISebe lizihlole ngokutsha izibonismsebenzi owenziwayo zalo nekujoliswe kuko kunyaka-mali wama-2013/14 kwiseshini yesicwangciso seqhinga lokusebenza kweyeThupha 2012.</p>

Inkcazelo/inkxalabo	Izisombululo	Imihla yokuthathwa kwamanyathelo yeSCOPA/athathwe liSebe
<p><b>Iphepha:</b> 76 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "ULawulo lwezaBasebenzi" (uMhlathi 17).</p> <p><b>Ingcaciso:</b> IKomiti ixhalabile ngokujeshwa kwabasebenzi kungalandelwanga nkqubo efanelekileyo ukungqinisa oko kukwizicelo zabo, ngokukhabanayo nePublic Service Regulation 1/v11/D.8; kwanokuba iinkcukacha zekhefu azisetyenzwa kwangexesa elifanelekileyo nokungathathelwa ngqalelo koko xa kunikwa ikhefu.</p>	13.1.5 ISebe liqinisekisa ukuba kusungulwa ze kusetyenziswe iinkqubo zolawulo ukubhaqa nokuthintela ukuphindeka kweempazamo;	<p>Ngomha we-15 kuTshazimpuzi 2013.</p> <p>Esi sisombululo sisetyenzisiwe. Akukho ngqesho yensiwe ngaphandle koququnjelo koqinisekiso.</p>
<p><b>Iphepha:</b> 97 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "IMigaqo-nkqubo yoBalo-mali".</p> <p><b>Ingcaciso:</b> IKomiti iliqhwabele izandla iSebe ngokulandela imigaqo-nkqubo yentlawulo eyamkelekileyo nesemthethweni yokuhlawula abaniki-zinkonzo kwiintsukua ezingama-30 emva kokufunyanwa kwe-invoyisi.</p>	13.1.6 ISebe liqulunqa igatya emalifikwe kuMgaqo-nkqubo woBalo-mali weSebe ukuqinisekisa ukuzibophelela kwalo kumaxesha okuhlawula amkelekileyo nasemthethweni wokuhlalwa kwabaniki-zinkonzo kwiintsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwe-invoyisi;	<p>Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.</p> <p>Kongezwe igatya kwingxelo yeGosa elinoXanduva.</p>
<p><b>Iphepha:</b> 115 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "23: INkcitho engaFanelekanga".</p> <p><b>Ingcaciso:</b> IKomiti iphazamisekile ngumba wenkcitho engafanelekanga yeSebe ekumyinge we-R1 217 000 kunyaka ekunikwa ingxelo yavo ngenxa yokungathotyelwa kwmigaqo yolawulo lweentengo. Akukho nkcitno ingafanelekanga iphunyezweliGosa elinoXanduva kwilixa elingaphambili. Inkcitho engafanelekanga yonyaka wama-2011/12 ekumyinge we-R394 000 yaphunyezweliGosa elinoXanduva kulo nyaka umiyo.</p>	13.1.7 ISebe liyile ze lasebenzisa imigqaliselo yothintelo efanelekileyo neenqubo zolawulo ukunqanda inkcitho engafanelekanga;	<p>Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.</p> <p>iSebe lisungule icandelo loqinisekiso lomgangatho kwiCandelo loLawulo leSCM ukuqinisekisa ukuba yonke imigaqo yeSCM iyathotyelwa ngaphambi kokukhutshwa kweoda kwanokuba intlawulo yensiwa emva kwenkonzo leyo ihlawulelwayo.</p>
<p><b>Iphepha:</b> 117 leNgxelo yoNyaka.</p> <p><b>Isihloko:</b> "IMPahlia yeXabiso engUNdoqo" (iNqaku 26).</p> <p><b>Ingcaciso:</b> IKomiti ixhalabile ngomba wokuba akukho mqaqo-nkqubo okanye rejista kwiSebe nakwifisi kaMEC elawula impahla yexabiso elilifa lemveli njengoko zichaziwe, zikhuthazwa, zikhuselw, zilondolozwa nangokwexabiso lazo.</p>	13.1.8 ISebe maliyile ze lamkele umgaqo-nkqubo wempahlia yexabiso okumila kunjalo ze wenze nerejista leyo ifunekayo, ngentsebenziswano nePalamente yePhondo leNtshona Koloni, neLifa leMveli leNtshona Koloni aphi kuyimfuneko khona. IKomiti ikwasombulule ngelithi iSebe malilandelele ze libeke iliso kuko konke okwenziwayo kwizinto zexabiso ezililifa lemveli kubandakanya iinkcukacha, iindleko, ukufunyanwa, umonakalo, ukulahlwa nelahleko yezinto ezililifalemveli, kwaye ezo nkukacha kufuneka zibandakanywe kwingxelo yonyaka elandelayo;	<p>Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.</p> <p>Impendulo ifakwe kwiSCOPA ngomhla ofanelekileyo.</p>

Inkcazelo/inkxalabo	Izisombululo	Imihla yokuthathwa kwamanyathelo yeSCOPA/athathwe iSebe
Iphepha: 130 leNgxelo yoNyaka. Isihloko: "Inkcazo yeZipho, iMinikelo neNkxaso eyenziweyo" (Isihlomelo 1G). Ingaciso: IKomiti ixhalabile ngomba wokuba iSebe lingenamgaqo-nkqubo wokwamkelwa, wovavanyo nowokunika okanye wokwaliwa kwezicelo zezipho, iminikelo nenkxaso eyenziwayo.	13.1.9 IKomiti isombulule ngelokuba iSebe liqulunge ze lamkele umgaqo-nkqubo onika isikhokelo kwiHOD ngokusingisele kulwankelo, kuvavanyo nokuniko okanye kulwaliwo lwezicelo zezipho, iminikelo nenkxaso eyenziwayo, ze loomgaqo iwandlale kwiKomiti ukuze iwamkele; ngaphezu koko iSebe malibandakanye inkcukacha eztithe vetshe kwngxelo yonyaka ezayo;	Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.
IZiphumo zoPhicotho lweNkqubo yeeNkukacha IKomiti ichaze ngenxalabo yoMphicothi-zincwadi Jikelele kwiNgxelo yakhe nakumaggabantshintshi akhe awanike iKomiti ngokusingisele kwngxelo yolawulo kwiSebe, ngokusingise kuyilo nakusetyenziso lweSikhokelo sikaRhulumente selt, ulawulo olusesikweni lwelT, inkqubela yenkonzo yelT, ulawulo lokungena kwabasebenzisi, iNkqubo yoTshintsho loLawulo, kwakunye holawulo lwezokhuselo ukujinisekisa ukuthembeka kwenkqubo kwanobukho bayo, ukuchaneka nokukhuselwa kweenkcukacha.	13.1.10 ISebe lisebenzisana neSebe leNkulumbuso (uLawulo lweCE-l) ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwenkqubo elungisa inkxalabo echaziweyo, kwaye	Ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2013.
	13.1.12 ISebe landlale isicwangciso salo sokusabela kwinkxalabo echazwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele kwiKomi.	Uza kunikwa yiSCOPA.

## 16 Izilungiso kwiingxelo zophicotho-zincwadi

Azikho.

## 17 Uxolelo nophumo-mgaqweni olufunyenwe kuNongxowa-mali weSizwe

Azikho.

## 18 Inkcazo-mali zethutyan

Kulo nyaka kunikwa ingxelo yaho iSebe likhuphe iinkcazo-mali zethutyan zekota. linkcazo-mali zethuntyana zelixa eliphele ngowama-30 kweyeSilimela 2012, ngowama-30 kweyoMsintsi 2012, ngowama-31 kweyoMnga 2013 nangowama-31 kweyoKwindla 2013 zifakwe kuNingxowa-mali wePhondo ukuze azihlole.

## 19 Okunye

iSebe lizibophelele ekuqinisekiseni ukuba abaniki-zinkonzo bahlawulwa kwiintsuku ezingama-30. Kusasungulwa inkqubo yokulandeleta ukuncedisa iSebe ukuthobelwa lo mgaqo.

## 20 Upumezo

liNkcazo-mali zoNyaka ezichazwe kumaphepha ukuya ziphunyeziwe liGosa elinoXanduva.

IGosa elinoXanduva

31 Canzibe 2013

## **INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEVOTI ENGUНОMBOLO 13: ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO – INGXELO YENKCACISO YEZIMALI**

### **INTSHAYELELO**

1. Ndiyiphicothile inkcazeloyezimali yeSebe leMicimbi yeNkcubeko nemidlalo leNtshona Koloni ebalwe kwpiphepha lama-139 ukuya kwelama-175, enika inkcazeloyokusetyenziswa kwezimali, inkcazeloyengobume bezimali ukuya kuma kowama-31 Matshi 2013, inkcazeloyngomsebenzi owenziwego ngemali, inkcazeloyngotshintsho kwii-asethi ezinkulu nenkcazeloyosetyenziso lwemali yonyaka ophelileyo, namanqaku anika ushwankathelo lomgaqo-nkqubo wocwangciso-mali obalulekileyonolunye ulwazi olubalulekileyo.

### **Uxanduva legosa elinoxanduva lokunika ingxelo kwiinkcazeloyezimali.**

2. Igosa elinoxanduvalokunika ingxelo linoxanduvalokulungisa ezi nkcazelozemali ngokwesicwangciso-nkqubo sonikezelon-gxeloyezimali yeSebe echaziwego nguNondyebo weSizwe kwakunye nemiqathango yoMthetho iPublic Finance Management Act yoMzantsi Afrika, 1999 (uMthetho Nombolo 1 we-1999) (iPFMA) noMthetho iDivision of Revenue Act of South Africa, 2012 (uMthetho Nombolo 5 we-2012) (iDoRA), nolawulo Iwangaphakathi oluthile njengoko igosa elinika ingxelo kubalulekile ukuba lenze amalungiselelo enkcazeloyezimali ezingenamakhwiniba enzeke ngenxa yobuqhetseba okanye impazamo.

### **Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele**

3. Uxanduva Iwam kukuveza ulovo kwezi nkcazeloyezimali ngokumalunga nophicotho-zincwadi Iwam. Ndilwenzile uphicotho-zincwadi Iwam ngokoMthetho iPublic Audit Act yoMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho Nombolo. 25 we- 2004) (iPAA), isazio gabalala sikhutshwe ngokoMgangathwoPhicotho-zincwadi weHlabathi. Le migangathoitsho ukuba ndihambelane nemimiselo nezicwangciso ezibekiwego ndenze uphicotho-zincwadi ukunika ingqinisekiso eyiyo yokuba inkcazeloyezimali azinachaphaza okanye impazamo.
  4. Uphicotho-zimali luquka ukulandela imigaqoyokufumana ubungqina bophicotho-zincwadi ngomyingewemali nokuchaziwego kwinkcazeloyezimali. Imigaqo ekhethiwego ixhomekeke kwintelekelelo yomphicothi-zincwadi, oko kuquka uhlolo mngcipheko Iwezinto ezingachazwanga ngokwendlela zenkcazeloyezimali, oko kusenzeka ngenxa yobuqhetseba okanye impazamo.
- Ekwensenili olu hlolo lomngcipheko, umphicothi-zincwadi uqwaliasela ulawulo Iwangaphakathi ukuba lusebenza ngokukuko na namalungiselelo amaqumrhu enkcazeloyezimali ukuze ukuba akunjalo ayile imimiselo yophicotho-zincwadi elungiselela imeko leyo, kodwa hayi ngeenjongo zokuvakalisa ulovo lokusebenza ngokukuko kolawulo Iwangaphakathi Iwamaqumrhu. Uphicotho-zincwadi lukwasetyenziselwa ukubona ukuba iindlela zokusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo yocwangciso-mali ziyyiona, ucwangciso-mali Iwenziwe ngendlela efanelekileyo na ngokwemilinganiselo yabalawuli, kwakunye nokuhlola lonke uwandlalo-ntetho Iwenkcazeloyemali. .
5. Ndiyaholelwaukuba ubungqina bophicotho-zimali endibufumeneyo banele kwayebubo obakundinikaisiqalelosokunika ulovo Iwam ngophicotho-zincwadi.

### **Uluvo**

6. Ngokoluvo Iwam, iinkcazeloyezimalizibonisa ngokuhle, kuzozonke iinkalo, ubume bezimalibeSebe leMicimbiyeNkcubeko nemidlalo ukuya kuthi ga ngowama-31 Matshi 2013, nokusebenza nokusetyenziswa kwezimali konyaka ophelileyo ngokumayela nesicwangciso-nkqubo sonikezeloywengxeloyezimali yeSebe emiselwe nguNondyebo kaZwelonke kwakunyenemimiselo yePFMA neDoRA.

### **Ugxininiso kwimiba ethile**

7. Ndiqwalasele le miba ingezantsi. Uluvo Iwam alutshintshanga kokumalunga nale emiba.

### **Utshintsho kumgaqo-nkqubo wokuthatha uxanduva**

8. Njengoko kuchaziwe kumgaqo-nkqubo wokuthatha uxanduva kwinqaku 4.7 nowokwazisa amanqaku 4.1 nenqaku 24 kwinkcazeloyezimali, izinto zamathala eencwadi ezithengiwego zidluliselwe kumathala encwadi oluntu zibalwa njenge-asethi ezincinci kulo nyaka uphantsikohlolo. Okubekuchazwe kwixeshaelidlulileyo njengoluhlu Iwezinto eziqhotyoshelwego nezingaphicothwanga ezikwinkcazeloyezimali.

### **Imiba eyangeziwego**

9. Ndiqwalasele le miba ingezantsi. Uluvo Iwam alutshintshanga koku malunga nale miba.

### **Ishediyeli ezangezelelweyo ezingaphicothwanga**

10. Ulwazi olwangezelelweyo olukumaphepha ama-176 ukuya kwelama-185 asiyonxalenye yenkcazeloyezimali kwaye iveliswe njengolwazi olwangezelelweyo. Andizihlelangaezi shedyuli ngoko ke andivezanga zimvo zamngazo.

## **Isicwangciso-nkqubo sonikezelo lwengxelo yezimali**

11. Isicwangciso-nkqubo soniko lwengxelo yezimali enikezelwe nguNondyebo weSizwe yasetyenziswa lisebe njengesicwangciso-nkqubo ekusetyenziswa sona ukuhambelana nemimiselo. Amagama endiwasebenzisileyo oluvo lwam kwisicwangco-nkqubo esilandelelwayo kufanele abonise ukuba inkcazelo yezimali ilingiswe ngohlobo lokuba ihambelane nesicwangciso-nkqubo kodwa hayi nokuba zilungiselelwe. ICandelo 20 (2)(a) lePAA nangona kunjalo lifuna ukuba ndiveze izimvo zam kulwandlalontetho olungenamkhethe lweenkcazelo yezimali. Ngako oko ke amagama endiwasebenzisileyo achaza le mfuno.

## **INGXELO ENGEMINYE IMIBA YEMITHETHO NEMIMISELO**

12. NgokwePAA nezinye izaziso gabalala ezikhutshwego ngokwalo Mthetho, ndinika ingxelo ngokwezi ziphumo endizifumeneyo ezizizo ngokomsebenzi ezingaphaya kweenjongo ezisekelwe kwimiba ethile, ukuhambelana kwemithetho nemimiselo nolawulo lwangaphakathi, kodwa oko kungenziwa ngenjongo yokuveza uluvo.

### **linjongo ezisekelwe kwimiba ethile**

13. Ndilandele imiqathango ukufumana ubungqina obumalunga nokusebenza ngokukuko nokuthembeka kolwazi olufenyenwe kwingxelo yokusebenza yonyaka njengoko ifumaneka kwiphepha lama-29 nelama-60 engxelo yonyaka.
14. Umsebenzi uchaziwego ngokunxanye neenjongo ezisekelwe kwimiba ethile ihloliwe ngokwayo yonke imiqathango esebeznisekayo nethembekileyo esetyenziselwa inkqubo zophicotho-zimali. Ulwazi olusebenzisekayo kwingxelo yonyaka yokusebenza ihambelana nokuba yondlalwe ngokubhekiselele kwimiqathango yonikongxelo kukaNondyebo weSizwe kwakunye nokuba umsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo uyahambelana neenjongo ezicwangcisiwego. Ukusebenziseka kolwazi kutsho ukuba izalathisi nokujoliswe kuko kokubonakalayo na (oko kukuthi kuyahlalutyeka, kuyahloleka, kuthe ngqo, inomlinganiselo futhi yenzeka ngokwamaxesh) kwaye iyasebenza njengoko kufunwa sisiCwangciso-nkqubo soNondyebo weSizwe solawulo lolwazi lokusebenza kweenqubo.

Ukusebenziseka kolwazi kungachongwanga zinjongo luyahlolwa ukuqinisekisa ukuba izibonisa kakuhle na izinto ezenzekileyo (oko kukuthi iyinyani na, ingohlobo eyenzeka ngayo na, igqibelete).

15. Akukho zinto ezifunyenwego kwingxelo yokusebenza konyaka ezimalunga nolwazi olululo nolusebenzayo.

### **Ukuhambisana nemithetho nemimiselo s**

16. Ndisebenzise imigaqo ukufumana ubungqina bokuba iqumrhu eli lihambisene nemithetho nemimiselo ebekiwego emalunga nemiba yezimali.
17. Andiboninasinye isikhwasilimasokungahambisaninemithetho emiselweyo engundoqonjengokokubekiwe kwisaziso gabalala esikhutshwe ngokoMthetho IPAA.

### **Ulawulo lwangaphakathi**

18. INdiyaqinisekisa ukuba ulawulo lwangaphakathi lulo lulongokophicotho lwam kweenkcazelo yezimali, ingxelo yokusebenza yonyaka nokuhambisana nemithetho nemimiselo.
19. Andichonganga nanye into esilelayo kulawulo lwangaphakathi endiyiqaphele njengebalulekileyo ukuba ifakwe kule ngxelo.

## **EZINYE IINGXELO**

### **Uphando**

